


UBUNQINA ELWANDLE

 Ngaphambi kokuba sithobise iintloko zethu ukwenzela umthandazo, ndingathanda ukufunda elinye leLizwi likaThixo. Ndasoloko ndikuthanda ukufunda iLizwi Lakhe; ngokuba amazwi am ayakusilela, ngawomntu, kodwa iLizwi Lakhe alinakusilela. Kwaye wena ugcine umkhondo wesiqendwana, kunye nanjalo njalo, masifunde kuMateyu isahluko se-14, ngobubusuku, siqalisa ngomqolo wama-22.

Kwaye kwamsinya ukusukela apho uYesu wabayalela abafundi bakhe ukuba bangene emkhombeni, kwaye bamandulele ukuya kwelinye icala, ngelixa endulula izihlwele.

Ezindulule ke izihlwele, wenyukela entabeni ngasese ukuba athandaze: kwaye xa . . . kwahlwa, ekhona apho yedwa.

Ke kaloku umkhombe ubuseluphakathi kolwandle, untsilwa ngamaza: kuba umoya ubuvela ngaphambili.

Kuthe ke ngowesine umlindo wobusuku wesuka waya kubo uYesu, ehamba phezu kolwandle.

Bathe bakumbona abafundi ehamba phezu kolwandle, bakhathazeka, besithi, Ngumshologu; baza bakhala kukoyika.

Wathetha ke kwa oko uYesu kubo, esithi, Yomelelani; ndim; musani ukoyika.

² Masithobiseni iintloko zethu ngoku ukwenzela umthandazo. Ngelixa iintloko zethu neentliziyi zithotyisiwe phambi koThixo, ingaba kukhona isidingo kwesi sakhiwo ngobu bubusuku, eningathanda ukuzazisa kuThixo, ngokuphakamisa izandla zenu, ukuze nikhunjulwe emthandazweni? INkosi ijonge phezu kwenu, ibe nenceba kuthi.

³ Bawo wethu waseZulwini, siyeza ngoku eBukhloneni Bakho, ngendlela nangeGama leNkosi uYesu. Sisazi, ngesiqinisekiso esisikelelweyo, sokuba Wasithembisa, ukuba siya “kucela nantoni” eGameni Lakhe, okokuba Wena uyakusinika. Sinombulelo kakhulu ngako oku. Amazwi awanakuvakalisa indlela esivakalelwa ngayo malunga nayo, ngesiqinisekiso esinaso, sokuba Wena uphulaphule kuthi kanye ngoku.

⁴ Uyazibona ezo zandla, Nkosi. Uyakwazi abanezidingo zako. Ungokhoyo ndaweni zonke, onamandla onke, ongenasiphelo uThixo, kwaye siyazi ukuba Wena wazi iintliziyi zabantu. Uyazazi iingcinga zethu. Kwa nkqu nangaphambi kokuba sadalwayo, Wazazi zonke iingcinga esasizakukhe sibe nazo, kuba Wena awunasiphelo.

⁵ Kwaye siyathandaza, Nkosi, ngale yure, njengokuba izidingo zethu zifikelela kuWe, jonga ezantsi useZulwini, Nkosi, kwaye uthabathele izicelo zethu entliziyweni EyiyeYakho, Nkosi, uze usiphendule ngokobutyebi Bakho eluZukweni. Sinike umnqweno wentliziyo yethu, sithemba ukuba yintando Yakho eNgcwele. Kwaye siyazi ukuba yinkoliseko Yakho elungileyo ukwenza intando Yakho.

⁶ Sinike okukhulu ukuphuphumala koBukhona Bakho, ngobu busuku, kwakhona Nkosi. Philisa abagulayo. Sindisa abalahlekileyo, vusa abo bafileyo esonweni nasekukrejeni, uze ubazise kuBomi obutsha, ngobu busuku. Sanga singabona uYesu. Sikucela eGameni Lakhe. Amen.

⁷ Ningahlala phantsi. Siyaxolisa okokuba asinakho ukungenisa abantu, ngomthamo wokuhlala. Kodwa, kusukela kubusuku bokuqala, bathi bafanela bajikise ezinkulu izihlewe zabantu, ke siyaxolisa ngako okuya. Kwaye uMzalwana uGrant akabanganakho nje ukufumana elinye igumbi lakhiwe, nakanjalo, uku. . . Ndiyakholwa kusekhohlo apho azalisa khona elikhuso lahlulayo. Othandekayo, othandekayo umzalwana namhlanje undicelile ukuba ndiyakwenza lento yonyaka, ukubuyela eDallas, ebandleni lakhe. Olungako umemo njengoluya, kule yure, xa iingcango zivalwa ngokukhawuleza, kwaye ngoko indoda ifuna mna ndibuye kwaye ndiyenze into yonyaka, umba. Ndiyakuncoma oko.

⁸ Ndibe nexesha lokudlelana kunye nabo ngale ntsasa, kunye noMzalwana uGordon Lindsay kunye nabaninzi babo. UMzalwana uPeary Green, ongumxhasi ngemali womhlangano ozayo ezantsi eBeaumont, ehleli emva kwam apha ngobu busuku. Kunye nabaninzi, abahlobo bethu, uMzalwana uDon kunye nomfazi wakhe. Siyavuya kakhulu ukuba nabo apha. INkosi ibasikelele.

⁹ Ngoku, ngobu busuku, nje. . . Bendizama ukwenza iMiyalezo yam nje ibe lula kangokuba inokubanako, ukuze kwa nomntwana abenakho ukuyiqonda.

¹⁰ Ngomso emva kwemini yinkonzo yobuvangeli, kwaye ndinqwenela ukuba nonke ningeza.

¹¹ Ngoku ukuba nineenkonziso kumabandla enu, kutheni, hla—hlalani apho ni—apho nibekwe khona. Asifuni namnye ashiye ibandla lakhe, uku. . . Kwaye ngoko ukuba uyagula kwaye ufuna ukuza kuthandazelwa, kwaye ibandla lakho linenkonzo ngomso emva kwemini, thetha nomalusi wakho malunga nayo, ukuze angabi nokucinga kakubi, niyazi. Mazise ukuba silapha ngentsebenziswano, uku—ukunceda uMzimba wonke kaYesu Kristu ophambukele apha eDallas najikelele.

¹² Ke, ngomso emva kwemini, ndiyacinga, ngecala leyesibini, ndifanele ndithethe uMyalezo wobuvangeli. Emva koko sizakuthandazela bonke abantu abagulayo, sithabathe onke

amakhadi okuthandazelwa kunye nezinto ezithe zashiyeka evekini, size sibathandazele bonke ngomso.

¹³ Ngoku isifundo sam ngobu busuku sifana kakhulu nedrama encinci, nje okwethutyana elincinci. Kwaye ndizakuzama ukufumana kangangoko ndinokubanakho ngobu busuku, ekuthandazeleni abagulayo. Isiqendwana sam sithi, “musani ukoyika, ndiM,” uYesu ethetha. Isifundo sam: *Ubungqina Elwandle*.

¹⁴ Kufanele kwakumalunga nasemva kwexesha emva kwemini, ilanga kufanele lalisehla xa oku kwenzekayo, kwaye ngoku kufanele ukuba yayiyimini eshushu malunga nanjengokuba injalo apha.

¹⁵ Isipholisi bushushu sikhutshiwe, kwaye bayasebenza kuso. Eso sisizathu ndiguqule isifundo sam ukusukela khona phaya, oko bendizakuthetha kuko, ukuze ndikhawulezise ngaso, ukuze kungafuneki nihlale ebushushwini njengako oku.

¹⁶ Lo mlobi mkhulu, emveni kokubona athe wanakho ngemini, ebe bukele uYesu kulungiselelo Lwakhe olukhulu.

¹⁷ Bendingathanda ukuphila kula mhla, ukuze ndiMlandele. Kodwa, niyazi, ndiyavuya ndisenenyhweba yokwenza into ekwanye, ukubukela Yena esenza izinto. Kwaye kubaluleke kakhulu ukuMbukela namhlanje kunokuba kwakunjalo ngoko. Ndinokholo olungaphezulu kuYe ngoku, kwaye ndingabanokholo olukhulu ngoku kunokuba ndandinokuba nalo ngoko, ngokuba sibe namawaka amabini eminyaka yokubonakalisa ukuba iVangeli ilungile. Kwaye emva kwamawaka amabini eminyaka, Usaphila, esenza njengoko Wenzayo ngoko, ke sinengqinisekiso enkulu kunye nesiseko esingaphezulu ngokholo ngoku kunokuba babenalo ngoko.

¹⁸ Ngokuba, Yena nje wayeyiNdoda phaya kunye nebango lokuba—lokuba Wayethunywe esuka kuThixo kwaye WayenguNyana kaThixo, kunye nokuba uThixo wayengqinela iLizwi Lakhe elithenjisiweyo lawo lamhla, ngaYe, kwaye babenaso isizathu sokuyithandabuza. Izifundiswa zenkolo, babezizo! Kwaye niyaqwalasela yayiyinto elusizi, yayilusizi kakhulu, ngokuba zona izifundiswa zenkolo zazinokukholelwa Oko ukuba uThixo wayengamfamekisanga amehlo azo. IBhayibhile itsho njalo.

¹⁹ Kwaye ingaba ubusazi Wathembisa ukuba Uyakuwamfamekisa amehlo abo kwakhona namhlanje, okokuba bangabi nakuYibona? Bayakuba “zizityhuthutyhuthu, abathiwe lwale lukratshi, abathandi beziyolo kunokuba bathande uThixo, abangenatarhu, abatyholi, abangenakuzeyisa, abangenakuthanda kulunga; benokufaneleka kobuthixo, kodwa bewaphika aMandla ako.” Kanye nje isithembiso sibuyile kwakhona. Kwaye akunakho kuphela ukubasizela abantu, kunye namehlo abo emfanyekisiwe kuwo lo mhla. Kunye

neZibhalo athe uThixo wathembisa ukuba ziyakwenzeka kanye kuwo lo mhla, kuyo le yure, kwaye sikhangele kanye kuyo kwaye siyiqaphela. Kwaye abantu bayajonga, banikine iintloko zabo baze bemke, bathi, “Andiyiboni Yona.” Yinto elusizi, kodwa noko iZibhalo kufanele zizalisekiswe. Kufanele ibe ngala ndlela.

²⁰ Ke aba bafundi babekhethwe nguThixo. Ingaba uqwalasele, wabaxelela uYesu, “Ngaphambi kokusekwa kwehlabathi,” Wabakhetha, kwaye babeyimbewu ebekiweyo nguThixo. Yilonto xa iingxaki zifika, kwaye abantu bakhangeleka bemfake ekoneni uYesu, kumbuzo, kwakungekho mbuzo kubo. Babengenakho ukuyiqonda, kodwa babezimisele ukungazi nto kuphela Yena. “Nguwe wedwa oneLizwi loBomi.” Kwaye babezimisele ukuhlala kunye naLo, ngokuba babebekelwe kwesa sikhundla.

²¹ Kwaye ke injalo namhlanje, laa ndoda nalaa mfazi, obekelwe kuBomi obunguNaphakade, uyakuza kuBomi obunguNaphakade. “Bonke athe waNdinika bona uBawo bayakuza kuM.” Elo liLizwi Lakhe, kwaye oko akunakusilela. Li—liLizwi likaThixo.

²² Kwaye sibona aba bafundi ngoku, ababenomhlangano omkhulu ngala mhla, phandle ethafeni elikhulu kwicala lentaba. Kwaye uYesu wayebaxelele bona, “Ngoku ndulukelani ngaphaya kolwandle, nindandulele Mna.” Kwaye Yena wayesenyukela entabeni, yedwa, ukuya kuthandaza. Kwaye aba bafundi, emva kokuba behlangene nezihlobo, ndingafane nje ndicinge indlela abaziva ngayo.

²³ Ngokuba, ukuhlangana nezihlobo, kuze emva koko kufuneke nahlukane nezihlobo; Nje malunga nexesha uqala ukuqhelana, emva koko kufuneke uthi salani-kakuhle. kwaye elo lasoloko iluhlobo lwentliziyo ebuhlungu kum, ukunqumleza isizwe, kwihlabathi jikelele, ukuhlangana nezihlobo uze emva koko uzishiye, usazi ukuba kukho abaninzi ongasayi kubabona kwakhona de uhlangane nabo eMgwebeni. Luhlobo lomba obuhlungu.

²⁴ Ndingafane ndicinge umkhombe, kunye ne—ne gophe lwawo lutyhalelwe elunxwemeni. Kwaye kufanele yayinguSimon Petros, kunye nezinkulu ezintsundu iingalo namagxa, awatyhala umkhombe apho kwaye wawubhekiselela elwandle. Kwaye bonke babewangazelisa uhambani-kakuhle kwabo baselunxwemeni. Kwaye babekhwaza, “Buyani kwakhona kwaye nize noMfundisi ngapha ukuza kusibona! Kwaye nize nibe nenye imvuselelo; besisikeleleke kakhulu namhlanje!” Kwaye abahlobo abatsha bewangazelisa. Waze wakhwela kubo bonke abafundi, wahlala phantsi mhlawumbi ecaleni lomntakwabo, u-Andreya, waze wachola izibhexo.

²⁵ I—iinqanawa emva koko zazihanjiswa mhlawumbi ngomoya okanye ngezibhexo ezazitsala. Kwaye ngoko

mhlawumbi babeyakube behleli ngambini emkhombeni, ngambini ecaleni, kwaye babeya...okanye ababini kwisihlalo esinye, gxebe, mhlwawumbi abathandathu okanye ababhexi abasibhozo. Babeya kutsala kwangexesha, kwaye ngala ndlela babeyakubanakho ukuwubamba umkhombe kwisiseko sawo xa izaqhwithi zaziqhubeka. Emva koko, imimoya ibhudla ngokuqhelekileyo, babeyakuxhoma iseyile, baze bahambe ngamanzi.

²⁶ Kufanele ukuba yayiyimvakwemini eshushu, ekujongeni ngeSibhalo nje ngaphambi kwesi siganeko, kwaye ke kufanele kwakuzole kakhulu, kushushu, imvakwemini eshushu. Ilanga lalitshona. Kwaye bona, njengoko bebhaxa, baze emva koko bayikhulula baze bawangazelisa bavalelisa ebantwini, “Sithemba ukunibona kwakhona ngelinye ixesha,” njengoko bephumela elwandle. Laye ilanga litshona, kwaye umsobomvu wangorhatya, kwaye ngoko emva koko ethubeni u—ubumnyama bangena.

²⁷ Kwaye kufanele bathabatha isantya esikhudlwana so—sokubhexa, kwaye lowo ngumsebenzi onzima xa zona ezo zibhexo zitshona elwandle. Kwaye ubuninzi bazo ba—babengabalobi, kwaye amadoda awomeleleyo, eqhelene nolwandle. Kwaye ke njengoko babelindele uYesu ukuba angene emkhombeni aze abalandele, kwamsinyane. Ngokuba, baphumela phaya, kwaye kufanele banxwema nje kancikane; uhlobo lokwenza inqanawa yakho iqalise, uze emva koko usuke.

²⁸ Mhlawumbi uYohane omncinci wayengowokuqala ukuthetha, kuba wayengoyena umncinci kwiqela. Kwaye kufanele ukuba yayinguye owathi, “Ndibabudinwarha. Masinxweme ithutyana. Silinde umzuzu, akunyanzelekanga singxame. Akakezi okwangoku, ke nathi singalinda ithutyana size ngahlobo luthile sifumana ukuphefumla umoya olungileyo.”

²⁹ Kwaye njengoko wayehleli phaya kunye nentloko yakhe izezantsi kancinci, kufanele ukuba waqalisa umhlangano wobungqina. Kwaye oko koko ndifuna ukuthetha ngako. Kufanele ukuba yayinguye owaphakama kuqala, wathi, “Bazalwana, akukhathaliseki abantu bathini, kwaye kungakanani ubani afuna ukungakukholelwa, ndiqinisekile ngoku, emva kwanamhlanje, okokuba asilandeli mzenzisi. Asilandeli nto engaphantsi kunoThixo, kuba akukho mntu onokwenza oko Akwanzileyo namhlanje ngaphandleni kokuba ibinguThixo. Niyazi, xa wathabatha loo maqebengwana waza wawaqhekeza, wondla lamawaka mahlanu phaya, yeyona nto imangalisayo kum. Kunokuba kwakunombuzo kude kube namhlanje,” ngoku ndiphinda nje obu bungqina njengoko babunjalo, “kodwa oko kwayigqiba.”

³⁰ Wathi, “Ndiyakhumbula kwiminyaka eyagqithayo. Ndandiqhele ukuhlala ezantsi kufutshane neYordane. Kwaye

ndiyakhumbula, njengenkwenkwe encinci, indlela owam omhle, umama womYuda owayeqhele ukundifunqula, emva kwemini, aze andihlalise emathangeni akhe aze andidlikidle, phandle evarandini, xa iintyatyambo zazityatyamba ecaleni lonxweme lweYordane. Kwaye wayeqhele ukujonga ngaphaya ngasentlango, apho abantu bakuthi bagqithiswa khona kule ntlango. Wayeqhele ukundibalisela amabali eBhayibhile. Elinye lamabali amakhulu endinokuwakhumbula, yayingumfazi womShunamekazi naxa inkwenkwe yakhe yayifile, kwaye—kwaye umprofeti wavusa kwakhona ekufeni lenkwenkwe incinci. Oko kwakuqhele ukuba libali elinika umdla.

³¹ “Kodwa elinye lawona lanika umdla lamabali, kwaye umama wayeqhele ukundibalisela, wayeyakuthi, ‘Ngoku, Yohane, useyinkwenkwe encinci; kodwa ndifuna ukhumbule, njengoko ukhula usiba mdala, okokuba, uYehova omkhulu wenyusa abantu bakhuthi ukubakhupha eYiphutha, kwaye seza ngala ntlango ukunqumla umlambo phaya. Kwaye konke okungamashumi amane eminyaka, batyhutyha kulantlango, kungekho ndawo yakufumana zimpahla, nandawo yakutya. Kwaye uThixo wanisa isonka sehla sisuka ezulwini, qho ngobusuku, wabondla abantu bakowethu kula ntlango, kuba babesemsebenzini, belandela uYehova omkhulu. Kwaye ngoku, ngenye imini, uYehova uzakwenziwa inyama apha emhlabeni, kwimo yoMntu, Uyakubizwa uMthanjiswa, uMesiya.’

³² “Kwaye khumbula,” ebesaya kuthi, “njengenkwenkwe encinci, indlela ingqondo yenkwenkwe yam encinci yayiqhele ukuqikelela, izama ukuqikelela, ‘Wayebondla njani uThixo zonke eziya, zimbini zinesiqingatha izigidi zabantu, kulantlango? Wayesifumene njani isonka?’ Kwaye ndandiqhele ukubuza umama, ‘Mama, ingaba Yena, u—uYehova unemfumba yezitovu na phezulu phaya esibhakabhakeni, kwaye Ebesakubhaka sonke isonka, aze abaleke ngobusuku ehle asibeke phezu ko—komhlaba, ukwenzela abantu, kwaye izibhakabhaka ezinkulu zikaYehova zizele zizitovu na?’ Ebeyakuthi, ‘Hayi, nyana, umncinci kakhulu ukuba uqonde. Yabona, uYehova nguMdali. Akadingi zitovu. Uyathetha nje, kwaye iLizwi Lakhe lenziwa libonakale xa Ethetha. UnguYehova omkhulu, kwaye Uyasithetha nje. Kwaye iiNgelosi ziyasihambisa zisehlisele emhlabeni, ukwenzela abantu.’

³³ “Kwaye namhlanje, xa ndimbona Yena emile phaya, ingaba niqwalasele okwa kujongeka ebusweni Bakhe? Kwakungekho ntandabuzo engqondweni Yakhe. Ndakhwela phezu kwelitye, ndaza ndambukela Yena njengoko Yena wathabatha esa sonka wasiqhekeza, waza wasinikezela ku...abalungiseleli Bakhe, thina, ukuba sisihambise ebantwini. Kwaze emva koko xa Waya emva ukuya kusiqhekeza kwakhona, la lofu yayiphelele kwakhona. Kwaye Yena wakwenza okuya amatyeli angamakhulu, wade wonke ubani wahlutha, kwaye kwabakhona

ingobozi, zigcwele, zaqokelelwa. Ndiyazi oko akunakuba ngaphantsi koYehova, ngokuba Wenza njengoYehova wenzayo. NguYehova kuphela onokudala. Kwaye ndiyayazi ukuba laaNdoda asingomkhohlisi. Kukho okuphela kwakhe uMdali, kwaye lowo nguYehova. Kwaye ngoku, kuzo zonke izinto endithe ndazibona, okuya kwandonelisa.

³⁴ “Ndifuna nina nazi ngoku ukuba intliziyo yam inikezelwe ngokupheleleyo, kwaye ndiyakholwa ukuba akangomprofeti nje. Ngumprofeti, kodwa ungaphezulu komprofeti. Akasiyonto ngaphantsi koYehova uThixo ehleli phakathi kwethu, ngokuba Yena wadala isonka, kwaye wayenezimbo zikaYehova. Akumangalisi Wayenakho ukuthi, ‘Ukuba aNdiyenzi imisebenzi kaBawo waM, ngoko musani ukuNdikholelwa; kodwa ukuba Ndenza imisebenzi kaBawo waM, nize ningabinakho ukukholelwa kuM, kholelwani imisebenzi, kuba yona ingqina ngaM kwaye ixela ukuba Mna Ndingubani.’ Kukhangeleka ngathi abantu babenakho ukukubona okuya, lula.”

³⁵ Kwaye uYohane wayenelisekile ukuba waye enguMesiya, Yena lowo athe u-Isaya, “Sizalelwe uNyana, kwaye iGama Lakhe liyakubizwa uMcebisi, iNkosana yoXolo, uThixo uSomandla, uBawo onguNaphakade.” Kwaye uYohane wayenelisekile ngoko wakubonayo. Umfo omncinci enika ubungqina bakhe.

³⁶ Malunga nela xesha, wathi uSimon Petros, “Kulungile, ngoku, nje umzuzu. Ukuba sizakuba nomhlangano wobungqina, ndingathanda ukuba nento yokutsho. Niyazi, ndandikrokra kakhulu ngento yonke, xa u-Andreya umntakwethu, owayeye kwimvuselelo kaYohane umprofeti, owangqinayo ukuba uMesiya wayesiza kwaye uyakumazisa Yena. Kwaye ndandibukrokra ngoko u-Andreya wayendixelela kona, ngokuba ndandivile zonke iintlobo zamabali kaMesiya nayo yonke into engenywe.

³⁷ “Kodwa nonke nina bazalwana khumbulani utata wam omdala. Igama lakhe nguYona. Kwaye niyamkhumbula, indlela awayelikholwa lenene ngayo. Indlela endinokukhumbula umama notata, kunye nathi sonke, njengoko sasilobela ukuphila, kwaye sasingabambisanga ntlanzi; sasifuna isonka, kwaye indlela ebesisakuya kuguqu emgangathweni sithandaze kuThixo, ‘Siphe ukubambisa namhlanje, Thixo, ukuze sibenakho ukuthengisa iintlanzi zethu, kwaye sihlawule amatyala ethu, sibe nokutya kokutya.’ Kwaye indlela ebesisakuya ngayo elwandle, kwisakhwithi, kwaye kufuneke—ukujongana nezi zaqhwithi.

³⁸ “Kwaye utata, ndingabona ezo nwele zakhe zingwevu zijinga emqolo wakhe, ngenye imini njengoko wayehleli phezu kwentambo yomkhombe ethetha nam, esithi, ‘Simon, ungyena mdala unyana wam. Niyazi, ndabe ndisoloko

ndikholelwa, Simon, ukuba ndiyakumbona uMesiya. Abantu bakokwethu bebemkhangela Yena kusukele e-Eden. Kwaye siqinisekile ukuba Yena yyeza, akukhathaliseki nokuba kudala kangakanani. Oko kube kungamawaka amane eminyaka eyagqithayo, utsho. Kodwa ndiyakholwa ukuba uMesiya uyakuza. Kwaye wonke umYuda ube ekukholelwa ukuba uyakumbona laMesiya kwisizukulwana sakhe. Ndiyathemba ukumbona Yena kwisizukulwana sam. Kodwa kukhangeleka ngathi, ndiyaguga ngoku, kufanele ndiyeke ulwandle, kwaye ndifumana iincwina nentlungu, mhlawumbi andisayi kuMbona kwixesha lam. Kodwa mhlawumbi uyakumbona, nyana wam.

³⁹ “Kwaye ndifuna ukukuqeqesha eZibhalweni. Nyana, ngaphambi kokuba uMesiya abonakale, kuyakubakho zonke iintlobo zezinto eziqhubekayo, zonke iintlobo zezinto zobuxoki, ngokuba uSathana uyakukwenza oko, ukutshabalalisa impembelelo kaMesiya wenene xa Yena esiza.” Ibe isoloko ingalo ndlela; ise kwa ngalondlela.

⁴⁰ Kwaye ngoko siyafumanisa, wathi, “Ndiyakhumbula wabeka ingalo yakhe kum, wathi, ‘Nyana, kukho ekuphela kwayo indlela oyakuthi ubenakho ukumazi laMesiya. Ngoku sibe namakhulu eminyaka ngaphandleni komprofeti. UMalaki waye engumprofeti wethu wokugqibela. Oko kube kungamakhulu amane eminyaka eyagqithayo, asikhange sibe namprofeti. Kodwa khumbulani, uMoses wasixelela, eZibhalweni, ukuba, xa uMesiya efika, Uyakuba ngumprofeti, xa ebonakala ekubonakaleni. Thina maYuda sifundiswe ukukholelwa umprofeti. Kwaye uhambo lukaMesiya emhlabeni liLizwi elithethiweyo likaThixo, athe Wasithembisa lona. Kwaye iLizwi lasoloko lisiza kumprofeti, kwaye umprofeti ungqinela eLizwi. Ungaze ukulibale oko, nyana! Kungabakho izinto ezinkulu ezivukayo, kungabakho ukuthabatheka okukhulu kunye—kunye nezinto ezinkulu. Kodwa khumbula, uMesiya uyakuba ngumprofeti, kuba siyazi ukuba uThixo zange wayiguqula indlela Yakhe, kwaye Wathi uMesiya uyakuba ngumprofeti. Ke khumbula, nyana, abaprofeti bangabo baneLizwi leNkosi. Kwaye xa uMesiya efika, Uyakuba ngumprofeti.’”

⁴¹ “Ndingayiva nje ingalo yakhe,” watsho uSimon, “njengoko wayeyibeka kum. Kwaye u-Andreya wayemile phaya ehlamba umnatha, ngelo xesha. Uyayikhumbula, Andreya?”

“Ewe, Simon, ndi—ndiyayikhumbula.”

⁴² “Kwaye u-Andreya ezama ukundixelela ukuba loYohane wayengumprofeti. Ndandinezinye izinto zokwenza, kwakufuneka ndithengisa intlanzi nezinto. Ke utata ube efile iminyaka, kodwa ndasoloko ndikugcinile okuya engqondweni; utata wathi, ‘Lo Mesiya uyakuba ngumprofeti owaziswe ngeSibhalo, kwaye ungayilibali lonto, ngokuba liLizwi

elithethiwe likaThixo. Kwaye ela Lizwi libe lisoloko okoko lisiza kubaprofeti; oko kuyazisile, okanye kubonakalise oko kwakuthenjiselwe isigaba.”

⁴³ Kwaye ngoku uSimon, “Ngenye imini,” wathi, yena wathi, “uyazi, u-Andreya undicele ndiye emhlanganweni. Kwaye ndehlile ndaya phaya emhlanganweni apho lo Mfo, uYesu, wayekho. Kwaye ndeva zonke iintlobo zamarhe. Kwakukho uYesu owayevusiwe, ngaphambi Kwakhe, owathembisa ukuba unguthile omkhulu, wakhokela amakhulu amane kwaye batshabalala bonke, kunye nanjalo njalo. Ndacinga ukuba ngomnye wolo hlobo, kunye nohlobo lokuthabatheka okukhulu kwemvuselelo enkulu, okanye ihlelo elikhulu elithile ababesakulenza. Kodwa ngenye imini ndacinga ndiyakuya no-Andreya apha, umntakwethu.”

⁴⁴ Kwaye ndingafane ndicinge, malunga nela xesha, umkhombe waqalisa ukugungqa. Umntu othile waqalisa ukukhwaza, kwaye wathi, “Hlalani phantsi! Sanukugugqisa umkhombe. Lindani umzuzu. Hlalani ngenzolo.”

⁴⁵ Kwaye wathi, “Niyazi, xa ndehlela phaya ndaza ndaya ebusweni Bakhe, into yokuqala, Wandijonga ngqo elisweni waza wandixelela igama lam lalingubani. Wayengazange wandibona ngaphambili. Hayi kuphela kuba Wandazi, kodwa Waye wazi nala tata umdala unobuthixo wam, owandiyalelayo ngeZibhalo. Kwaye ndayazi ukuba Lowa yayinguMesiya. Oko kwayigqiba kum, kanye phaya. Oko yayikuko. Kwayenza yalunga, kum.”

⁴⁶ Kufanele yayinguFilipu wathi, “Ndingatsho ilizwi apha?” Ngoku wathi, “Mzalwana uNathaniyeli, ungavumeli oku kukuvisa kabuhlungu; ngokuba, uyazi sizifundisile iincwadi ezisongwayo iminyaka neminyaka, oko uMesiya ayakuba kuko. Kodwa xa ndabona Yena esenza okuya, ndemka ndaya kubiza umhlobo wam apha, uNathaniyeli. Kwaye xa wezayo . . .”

Wathi uNathaniyeli, “Mandiyixele. Mandiyixele.”

⁴⁷ Owu, niyazi, kukho into ethile malunga naxa uYesu athe wakwenzela into, a—akunakho nje ukuma bhungxe, uyahamba uyokuyixela, ngokwakho. Ayinjalo? Ukuba iyinto engenene, ufanela nje uyitsho. Xa Yena wandizalisa ngoMoya oyiNgcwele, ndifuna ukuwuchaza. Ndifuna umntu othile ayazi malunga nayo. Hayi umntu ongomnye ayichaze; ndifuna ukuyitsho, ngokwam.

⁴⁸ Kwaye nje ndafane ndacinga, uNathaniyeli wathabatheka waze wathi, “Uyazi, ndingathanda ukukutsho oku. Bendikrokra kancinci ngawe, Filipu, xa wandixelelayo. Ndakubuza, ‘Ingaba ikhona na into elungileyo enokuphuma eNazarete?’ Kwaye wandinika eyona mpendulo ingcono anokuthi nabani umntu abenayo, ‘Yiza ubone.’” Oko kusebenza lungileyo namhlanje. Injalo lonto. Sukuhlala ekhaya ugxeke. Yiza, zifumanisele ngokwakho, yabona. “Wathi, ‘Ingaba ikhona na into elungileyo

enokuphuma eNazarete?” Wathi, ‘Yiza uzibonele.’ Kwaye uyazi othe wandixelela kona.

⁴⁹ “Kwaye xa ndenyukela eBukhoneni Bakhe, kwaye wandixelela ukuba ndandi ‘ngu—ngumHebhere, umSirayeli, kwaye ndandiyindoda enyanisekileyo,’ ndakwazi oko.

⁵⁰ “Kodwa ndamangala, ‘Ingaba njalo njani?’ Wakhangeleka njengayo yonke indoda eqhelekileyo. Ndandilindele uMesiya ukuba ehle ngeepaseji ezinde ezisuka eZulwini, kanye ukwehlela kwintloko yobuhlelo apha, eYerusalem, ahambe aphume athi, ‘Kayafa, ndifikile.’ Kodwa bafumanisa, Wayephuma eNazarete, kusapho elihluphekileyo; Kwaye ngokuchanekileyo enegama elibi kuYe, nje ‘ngomntwana ongumgqakhwe.’ Nanku emile Yena, enxibe iimpahla eziqhelekileyo, hayi nje ngombingeleli okanye umntu othile; nje indoda eqhelekileyo. Kwaye ndacinga, xa ndanyukela phaya, ‘Angathini lowa ukuba nguMesiya? Enye endala ingubo eyinxibile, Wayeyinxibe oko Wayesengumfo osemntsha, kwaye apha yilengubo inye eyinxibile; kwaye iinwele Zakhe zijinga emqolweni Wakhe. Kwaye njengendoda eqhelekileyo yasestratweni.’

⁵¹ “Kwaye Wandijonga ebusweni, wathi, ‘Phambi kokuba uFilipu akubize, ube uphantsi komthi, ndakubona.’ Oko kwayigqiba kum. Ndiyazi, ngeLizwi, lowo yayinguMesiya. YayinguYe.”

⁵² Kwaye kufanele ukuba umkhombe wagungqa, kwaye umhlangano wobungqina uqhubeka. Owu, elinjani ukuba mnandi ixesha ababenalo, phandle elwandle phaya, nje benexesha elimnandi.

⁵³ Wathi u-Andreya, “Ndingathanda ukutsho into eyathi yandibhida okwethutyana. Niyakhumbula xa sa—sasisihla sisiya eYeriko? Wathi, ‘Kufuneka sinyuke; ndinesidingo sokugqitha eSamari.’ Ke, Wenyuka waya eSamari kwaye phaya esixekweni saseSikare, xa Wasithumayo ukuya kuthenga ukutya, ngaphaya esixekweni.”

⁵⁴ “Owu, ewe, ndiyakukhumbula oko, ke!” Bonke kubo, “Ewe, ewe!” Umkhombe wawugungqa nje, wonke ubani enobungqina obumangalisayo emva kwemvuselelo iphelile. Ke babenalo mhlangano wobungqina.

⁵⁵ Waza wathi, “Ewe, kwaye niyakhumbula sanyebeleza, kwaye, ekothukeni kwethu, sabona uMfundisi wethu ethetha nehenyukazi elaziwayo. ‘Uh-huh,’ sacinga, ‘kubi koko. Jonga kuYe phandle phaya ethetha nalo mfazi mtsha. Kwaye usithumele kude, kwaye nanku Yena ephandle apha kunye nalo mbi umfazi ehleli apha.’ Khumbula, sasimi nje ngasemva kwamatyholo, kwaye saphulaphula kwincoko yabo.

⁵⁶ “Saza samva Yena esithi kuye, ‘Mfazi, hamba uye kubiza umyeni wakho nize apha.’

57 “Saza sathi, ‘Ke, singaba sasiphazamile, mhlawumbi ‘umfazi wayengotshatileyo ngokusesikweni.’

58 “Kwaye wajonga kuYe emva ebusweni, waze wathi, ‘Mhlekazi, andinamyeni.’

59 “Niyakhumbula indlela iintliziyo zethu zasilelayo? ‘UMesiya wethu omkhulu ebesimthembile, nanku ebanjiswe ebuxokini, impixano, kuba Wathi, “yiya kubiza umyeni wakho,” kwaye wayengqinile emva ukuba akanamyeni. Ngoku ibuyela kuYe.’ Khumbulani indlela sonke esajongeka sothukile, kwaye umoya wokuphefumla wawumkile kuthi?”

“Ewe, ndiyayikhumbula.”

60 “Kwaye niyakhumbula ngoko amazwi alandelayo? Wathi, ‘Uthethe inyaniso, ngokuba ubunabhalanu, kwaye nalona uhlala naye ngoku asingowakho.’ Owu, niyawukhumbula umhlangano wobungqina emva kwamatyholo? Bethu!” Yabona, akunakumfaka engxingweni Yena. NguThixo. “Owu,” wathi uSimon, “oko nje...” Wathi u-Andreya, “Oko kwayigqiba kum.”

61 Wathi uBartilomeyi, “Linda, ndingathanda ukufaka ubungqina. Ndingabenza, bazalwana?”

62 “Owu, kuhle, ndicinga ungabenza, sinexesha elininzi. Akakafiki okwakalokunje, ke siyakwenza ezimbalwa izibhexo. Siqhubeke, Bartilomeyi, ngqina.”

63 “Kulungile, enye yezinto ezinkulu kum. Niyakhumbula udade wethu ezantsi eYeriko, obizwa Rebheka?”

“Ewe.”

“Kwaye umyeni wakhe unevenkile yokutyela ezantsi phaya.”

“Uh-huh.”

64 “Kwaye—kwaye wayengusomashishini, kwaye igama lakhe lalinguZakeyu.”

“Ewe, ewe, siyamkhumbula kakuhle.”

65 “Niyakhumbula, waye—wayengomnye woodade bethu. Wayekhohlelwe kwiNkosi, kwaye wayesoyika kakhulu ukuba uZakeyu wayeyakwenze igqithe engamamkelanga uYesu. Kwaye, owu, uZakeyu wayengumhlobo olunge kakhulu kumbingeleli phaya. Kwaye ke wayethandaza ukuba into ethile iyakwenzeka ukuba amehlo akhe ayakuvuleka, kwaye uyakuqonda ukuba lona yayinguMfundisi, eli lalilelingqinelweyo iLizwi likaThixo lenziwe inyama phakathi kwethu. Kwaye wazama ukumxelela...ukumxelela yena malunga nendlela la Yesu waseNazarete awaziyo iimfihlo zentliziyo, ebonisa ukuba waye eliLizwi, kuba iLizwi licalula ingcingane zentliziyo.

66 “‘Ubuvuvu,’ wathi, ‘Ndiyamkhohlelwa umbingeleli. Oko akutshoyo kulunge ngokwaneleyo kum.’ Ngokuba

ungowazo zonke—izintlu zesixeko, amaKiwani nayo yonke into engenye, niyazi, ke yena...ngathi kunzima kuye ukuyiyeka. Ke uRebheka wasicela sonke ukuba sithandaze, ukuba sithandaze. Kwaye lonke ixesha sifika kwincoko yokuba waye engumprofeti Yena, ebesayakuthi, ‘Ubuvuvu! Ababingeleli bathi, “NguBhelezabhule. Ngumtyholi. Ukwenza oko ngamandla kamtyholi. Kwaye nje ngumfundi wengqondo. Kuko konke okukuyo. Akukho nto kuyo.” Ke akukho nto injalo kule mihla; asikhange sibenabo abaprofeti amakhulu eminyaka. Kwaye angathini la Mfo, engenalo kwa nekhadi lobudlelwana, angathini ukuba ngumprofeti? Owu, akukho ndlela ebengabe yinto enjalo Yena!’

⁶⁷ “Kodwa, niyazi, uRebheka waqhubeka ebambelele, umfazi wakhe, kwaye ethandaza. Kwaye ngenye intsasa xa uYesu wayesiza esixekweni, Kuhle, ngoko sifumana ukuba, uRebheka wasixelela ukuba uZakeyu waye eye e—esiratweni, ukuya kuMbona. Ke waye engakholwa ukuba ngumprofeti Yena, ke wathi, ‘Ndiyakumjongisisa Yena,’ Indlela angqine ngayo kuthi kwivenkile yokutyela ngenye imini xa sasisitya. Ke wakhwela phezulu kumthi womthombe, waze wathi, ‘Uyayazi intoni, ndiyakuzifihla phezulu apha ukuze angabinakho Yena ukundibona. Ndingumfo omncinci, kakade, omfutshane kakhulu. Kwaye ndingaMbonela ezantsi phaya, esihlweleni, ke ndiyakukhwelela nje phezulu apha emthini.’ Kwaye wafika apho amabini—amabini amasebe ahlanganayo, kwaye wahlala phaya phantsi, kulamasebe.”

⁶⁸ Leyo nje yindawo elungileyo yokuhlala phantsi uze uyifunde kwakhona. Kulapho indlela ezimbini zihlangana khona, eyakho nekaThixo; iimbono zakho. Leyo yinto elungileyo, ukucinga kwakhona.

⁶⁹ “Ke wathi, ‘Uyazi intoni, kufanele ukuba waye Yena engumprofeti. Wayenokuba nguye. Inokwenzeka ndingaba ndiphosisile. Ke ndiyakuxelela intoni, ndiyakumjonga Yena kakuhle; kwaye akayi kundazi Yena. Ke ndiyakuthabatha onke amagqabi ndize ndiwatsale ngolu hlobo, ukuzibhijela, kwaye ndiyakuzifihla mna ukuze Angabinakho nokundibona konke konke. Kwaye ndiyakuMbukela xa Eggitha. Kwaye ukuba akakhangeleki njengohlobo lomntu anguye, ndiyakumnika Yena imbono yam, ndihleli apha kulo mthi.’ Ke wabukela, waza waba negqabi ukuze abenakho ukuphakama abe nokumbona Yena xa ejikela edolweni.

⁷⁰ “Kwaye xa wajikela edolweni, esihla ngestrato, niyazi, ejonge kwelinye icala, kwaye abafundi besithi, ‘Yima ecaleni. Uxolo.’ Kwaye abantu abanabantwana abagulayo nezinto. ‘Uxolo, uMfundisi udinwe kakubi; laa nkonzo inkulu kubusuku obugqithileyo. Kwaye, ndoda ekhangeleka ilinene, unganceda ume ecaleni umvumele yena agqithe. Kuhle, uhamba ngendlela yakhe ukwehlela esixekweni, kwaye unganceda nje ume

ecaleni?” Kwaye uZakeyu ehleli phezulu apha emthini, ejonge ezantsi kuYe.

⁷¹ “Kwaye uYesu weza ngqo phantsi komthi, wema, wajonga phezulu waze wathi, ‘Zakeyu, yehlika emthini. Ndigoduka nawe namhlanje, ukuya kutya idinara.’ Oko kwayigqiba kum. Wamazi ukuba wayephezulu phaya, kwaye walazi igama lakhe, into awayeyiyo. Oko kwayigqiba. Lowo nguMesiya, kum. Ewe, mhlekazi. Ngokuba, siyazi ukuba uMesiya wayefanele akwenze okuya. Ngokuqinisekileyo. Ke kwakufuneke Yena agoduke kunye naye, wathi, ngala mini ukuya kwidinara. Elinjani ukuba likhulu ixesha elalililo! Siyalikhumbula.”

⁷² Niyazi, kufanele ukuba kwakumalunga nela xesha, umhlangano wobungqina wawuqhubeka. Niyazi aba bafundi phandle phaya elwandle, bengqina, kufanele kwakusezantsi ebumnyameni bobusuku ndaweni ithile, phezulu kwimihlaba yasentla phaya, apho uSathana okwafanela ukuba wanyukela ngaphaya kwenduli wajonga ezantsi. Wajonga kula mhlangano wobungqina, waze wafumana ukuba babemkile ngaphandle Kwakhe. Phaya yayilithuba lakhe.

⁷³ Yabona, ndicinga ukuba okwakubonakala kuphinde kwabuyela kwakhona, kwaziphinda. Babenalo, ekuthabathekeni ngemvuselelo, babemkile ngaphandle Kwakhe. Kwaye ndiyakholwa oko kukho okuninzi okwenzekileyo kuthi namhlanje, okokuba, kule yure yokubhidakala, kwaye emva kwale inkulu invuselelo esiyibonayo. Itshayele ilizwe jikelele. Sonke isizwe sibe nayo imililo yemvuselelo yakhiwe, kwaye ivutha; iinkonzo ezinkulu zempiliso; abantu besamkela uMoya oyiNgcwele, ngamashumi amawaka amatyeli angamawaka. Kwaye ekuthabathekeni kwayo, njengabo bafundi bengqina ngoko Yena akwenzileyo, “kwaye, owu, siMbonile esenza *oku*, kwaye siMbonile esenza *okuya*,” ndiyakholwa simkile njengabo, ngaphandle Kwakhe.

⁷⁴ Simkile saya kumathuba amakhulu ethe—ethe invuselelo yawaveza. Simkile saya kumathuba okwenza imali eninzi, amabandla, ukwakha izakhiwo ezinkulu, ezinkulu kakhulu izigidi zeedola zeendawo, izikolo ezikhulu, iinkqubo zemfundo, nokwenza amahlelo ethu akhule. Kuze emva koko senze inkqubo zethu zobukomanisi, nobuchasi-bukomanisi, kuko konke esinokuthetha malunga nako namhlanje. Kwaye into yokuqala oyaziyo, uSathana usibonile kwiinkqubo zethu zobuchasi-bukomanisi, kwiinkqubo zethu ezinkulu zobuhlelo, kunye nezethu “ezingaphezulu zezigidi,” kunye nanjalo njalo, njengoko benazo.

⁷⁵ Kwaye simkile ngaphandle kwemihlangano yomthandazo yexesha lakudala kunye nobhaptizo loMoya oyiNgcwele lubuyela, ude umlilo uvuthele ezantsi. Ningakhala, kwaye nizame ukuzisa abantu esiguqweni, kwaye nje bayahamba

nje ngokungathi babephantse bangabafileyo, ukoyikeka okuzayo. Uze ucele abalungiseleli beze kuthandaza kunye nabo, “Owu, kutheni ecele mna?” Kwaye bayehlela phaya, kwaye kubenzima ukubafumana. Kwaye bayakuma phaya nje imizuzu embalwa, bajonge phezulu kuwe, baze babuyele emva bahlale phantsi kwizihlalo zabo. Kum, imililo icimile! Into ethile yenzekile. Phulaphula! Into esiyidingayo yimvuselelo, okokuba aboni, bajonge kuKristu, baguquke, babalekele esiguqweni bebhakamisele phezulu izandla zabo, bekhalela inceba, kwaye ibandla lonke lilidagatyelomlilo, ngozuko lukaThixo.

⁷⁶ Ukuthabatheka kwethu ngamathuba okwenza amahlelo ethu akhule, sakhe izikolo ezikhulu ukufundisa abalungiseleli bethu, size sibathumelele kude ukusuka kuThixo kunokuba babenjalo ekuqalekeni. UThixo akaziwa ngemfundo. Akaziwa ngemfundo yezenkolo. UThixo waziwa ngokholo. Akunamcacisa uThixo. Ungaphaya kokucaciswa.

⁷⁷ Khangela into eyenziweyo, thina bantu abangamaPentekoste ababeqhele ukuba ngamapentekoste. Abafazi bethu banqothule iinwele zabo; baqaba ubuso. Amadoda ethu ayayivumela lonto. Abalungiseleli bethu bayayivumela lonto. Bayoyika ukutsho into ethile malunga nayo. Ibandla liyakubakhupha ukuba bayayenza. Owu, ukuba asidingi ukucocwa kwendlu, ukusuka epulpitini ukuyokutsho kwigumbi lomgangatho wangaphantsi. Lihlazo. Kukulhazeka.

⁷⁸ Enye indoda iza kum, kungekudala yaze yathi, “Mzalwana uBranham, abantu bayakuthanda.” Kodwa yathi, “Usolelo ubangxolisa, ungxolisa bona abafazi, malunga nokuba neenwele ezimfutshane kunye nezinto njengoluya hlobo.”

Ndathi, “IBhayibhile yathi yayilihlazo ukuba yena abanazo.”

⁷⁹ Akahloniphi umyeni wakhe xa ekwenza oko. Kwaye luphawu ngokuqinisekileyo lokuba wena umkile kuThixo. Khumbulani, kumba kaSamson, iinwele ezinde yayiluphawo lobuNazarete lokuba umkile ehlabathini, ukuya kwilizwi likaThixo. Kwaye xa ninqothula iinwele zenu, bafazi, niyaphika ukuba ningumqondiso wobuNazarete. Niye eHollywood endaweni yokubuyela eBhayibhileni. IBhayibhile yathi, “Mabangachebi.” Yabona, lihlazo, kwaye abalungiseleli abatsho nto malunga nayo.

⁸⁰ Le ndoda yathi kum, “Kutheni ungabayeki abafazi?” Yathi, “Bakuthabatha njengomprofeti.”

Ndathi, “Andizange ndathi ndandingumprofeti.”

⁸¹ Yathi, “Bakuthabatha njengaye lowo. Bafundise indlela yokwamkela iziphomoya nokwenza into. Ufanele ubafundise izinto ezinkulu, izinto ezibalulekileyo.”

⁸² Ndathi, “Ndingabafundisa njani i-aljibhra xa bengasayi kwa ukufunda oo-ABC babo, indlela yokuphila ndilisekileyo malunga nayo? Uzakuyenza njani? Ehe, yehla uye kwinto yokuqala.”

⁸³ Unyaka emva konyaka, ukunqumleza isizwe, kwaye ukuba kubi lonke ixesha. Kukho into engalunganga ndaweni ithile, ayikho kunye neLizwi. Akumangalisi singenakuba nayo imililo yemvuselelo. Sidinga ixesha lokucocwa kwendlu. UThixo akasokuze akwenze oko de sibuyele emva kwakhona. Sidinga ixesha lokucocwa kwendlu.

⁸⁴ Kwaye wena ndoda, uyakuvumela umfazi wakho enze into enjeya ngaleya, anxibe ezimfutshane! Bona abangomaWisile, maBhaptizi. Lawo ngamaPentekoste, injalo lonto, “ukumila ngokuhlonela uthixo, Isigaba seBandla laseLawodike, dikidiki,” AmaPentekoste ngegama, kuphelele apho. IPentekoste asilogama, ngamava obhaptizo loMoya oyiNgcwele, ococa abantu. Akumangalisi singenakuba nazo iinkonzo zempiliso kunye nezinto, kukho into engalunganga ndaweni ithile. NguMtyholi, usibonile sizama uku . . .

⁸⁵ “Kuhle, sitsho nantoni malunga nayo, bayakuguqula ubulungu babo.”

⁸⁶ Khumbulani, akuwambambazeli amaKristu. AmaKristu angqwabalala. Ngamadoda nabafazi bakaThixo, amele uThixo, nokuba ubani ongomnye anako anokutsho. Akudingeki uwacenge kwaye uwabongoze, uwaqhole uwateketise. Esi sisityalo esivundiswe ngomgquba, izityalo ezixutyiweyo, ayilunganga kwaphela, azisokuze zivelise nto.

⁸⁷ Indikhumbuza, njenge . . . Kwamsinya iyakubalixesha lokufukama. Ndiqaphele iitaka ezincinci namhlanje, ngaphaya, oongqat yana abancinci beqokelela amakhuni bewasa endlwini yabo. Akuyi kuba kudala de babe bayafukama amaqanda abo ukuba aqandusele. Niyazi, intaka encinci ingaba nendlu yamaqanda, kwaye inokuhlala kulandlu yamaqanda, kwaye iwaguqula mzuzu ngamnye; athathe unyawo lwakhe oluncinci awaguqule, aze ahlale phaya. Ngoku, ukuba uyeka lamaqanda abande, emveni kokuba ayethe afumana ubushushu, akayi kuqandusela. Kwaye nje uyabhabha ayokufumana ukudla okugcwalisa umlomo, abuyele kanye emva kuwo kwakhona.

⁸⁸ Kwaye niyazi, laa mama umdala wentaka, angahlala phaya kuloo maqanda, awaguqule qho kwimizuzu emibini, kwaye hayi . . . nkqu ukuzincama nokuzila de abe uhlupheke kakhulu angakwazi kwehlika endlini. Kodwa ngaphandle, ngoko, laa mama wentaka ebekhe wahlangana kunye nentaka eyinkunzi, wona amaqanda akayi kuqandusela. Nokuba kutheni, kukanganani uwonasa, akayi kuqandusela. Ayakulala kanye endlwini yentaka abole.

⁸⁹ Kwaye ukuba kwakhe kwakho ixesha ethe iPentekoste yafanela ihlangane neQabane, uYesu Kristu; kuba asifumani nto kuphela indlu yentaka yamaqanda abolileyo, ukuphika uKholo ukuya kwiBhunga likaZwelonke, Kwaye ukuyibiza yona izinto ezinkulu, ukuhlala ecaleni kopophu, uze uthi “yinto ekumoya.” Yintoni ingxaki yehlabathi, nina bantu bangamaPentekoste? Anazi na iBhayibhile ithethe ngazo izinto ziyakwenzeka? Kwaye siyangxola kuba amaWisile namaRhabe ayangena, kuze emva koko zonke ezinye zezi zinto njengokuya. Aniqondi ukuba xa intombi enyulu eleleyo isiza kuthenga i-Oli, leyo yayiyeyona yure awathi uMyeni wafika? Kwaye zange bayifumane i-Oli! Niyazi, uXhwilo luyakuza ngokufihlakele kakhulu, luze lumke, ngelinye lala maxesha, akusayi kwazi kwa ukukwazi yenzekile. Luyakumka, kwaye uyakumangaliswa ukuba kwenzeke ntoni.

⁹⁰ Njengo Yohane weza emhlabeni. Kwaye bathi kuYe, bathi, “Kulungile, iBhayibhile ithi, u-Eliya bekumele afike tanci.” Wathi, “Sele efikile, kwaye anikwazanga oko.”

⁹¹ Ke kuyakubanjalo, ngenye imini, bayakuthi, “Bendicinga ukuba oku bekumele kwenzeke ngaphambi kwexesha leMbandezelo. Bendicinga ukuba uXhwilo bekumele lwenzeke.” Amazwi anokubuyela emva, “Sele yenzekile kwaye akukwazanga oko.” Uh-huh. Kunokuba semva kwexesha kunokuba nicinga. Owu, vukani, bandla! Kungcono ndikuyeke oko; andikhange ndizele imfundiso apha, Bendicinga ukuba ndiyakubetha okuya ngokunjeya ukuze ube nokubeka okuya ecaleni.

⁹² Khumbula, mzalwana, uSathana uzibonile ezi nkqubo zinkulu, elinye ibandla lizama ukwegqitha elinye, elinye ihlelo lizama ukwegqitha elinye, Ukunyothula bonke ubuqaba uze ubanike uvavanyo lwepsychology, ube nofundele ipsychology ukuba avavanye indoda ngaphambi kokuba iye kwimihlaba yobumishinari. AmaPentekoste! Hayi oko—oko—oko asingomaRhabe, ngamaPentekoste. Uvavanya ngofundo lwengqondo luyafuneka lweqela elithile lamaPentekoste, iqela elikhulu, phambi kokuba amamishinari angathabatha idlelo.

⁹³ Kunokuthini ukuba banovavanyo lunjeya? Banovavanyo. Yayiluvavanyo lobupentekoste ekuqalekeni, xa balindayo kwigumbi eliphezulu kwade kwawa uMilo usuka Phezulu, kunye naMandla kaThixo. Olo yayiluvavanyo.

⁹⁴ Hayi othile wobuhlabathi, obunxila ofundela ipsychology emile phaya ezama ukuqiqa, ukuba unokuthabatheka okuncikane, okanye into ethile, ithi, “Nonke ngokuhlangeneyo, anenzekanga.” Xa ngokugqibeleleyo ibonakalisa indoda esemoyeni ngokugqithileyo iphakuphaku, kufanele ibe kulameko ukuze ingena kuYo. Ke nantso ke, yabona, kwaye nje ukonakalisa oko uThixo azamileyo ukwenza iminyaka, baze babuyele emva kunye neenkqubo nezabo ezinkulu. . .

⁹⁵ Bayachulumanca xa bebona abantu abaninzi behlangene. Bathi, “Ukuba ndingabenza bonke ama Assemblies! Ukuba ndingabenza bonke ama-Oneness! Ukuba ndingabenza bonke amaWisile!” AmaWisile azama ukubenza bonke amaWisile, amaBhaptizi azama ukubenza bonke amaBhaptizi, amaPentekoste bonke amaPentekoste! Owu, akunakwenza nanye into ngayo, uThixo wanyulele ezo zinto kwasekusekweni kwehlabathi. Kufanele sishumayele iVangeli. Kuko konke. Kodwa, iinkqubo zethu ezinkulu, simkile ngaphandle kwala Mlilo. Simkile saza sazenzela ongowethu umlilo, njengoko kwakunjalo.

⁹⁶ Kwaye ubukomanisi bethu, ngoku siyoyika kakhulu, ubukomanisi bungenile, “Yintoni ezakwenzeka?” Kodwa, niyazi, into enkulu asibobukomanisi. Ndivumele ndikuxelele oko ngoku, andoyiki bukomanisi.

⁹⁷ Kodwa oko ndikoyikayo, nina maPentekoste, eliBhunga likaZwelonke lizakunithabatha. Leyo yinto. Izakwenza uphawu lwerhamncwa, kwaye niyakufuneka niyokungena kuyo. Ngokuba ningumbutho, kufanele ungene okanye uphume. Leyo yinto, kwaye nawuphi olungileyo, obhadlileyo, umntu wakwamoya uyakwazi oko. Sifuna obunye phezu kolwandle ubungqina, siyabufumana ngoku. Kwaye ubuPentekoste bethu, nje buyayiginya, ihuku, umtya wokuloba nelothe yayo, “Enjani yona eyakubankulu into.” Xana, umWisile, umRhabe, umLutere, ibandla likaKristu, namaPentekoste, kuyakufuneka uphike—uphike eyakho ebalulekileyo imfundiso yobupostile, ukuze ube phaya. Kuyakufuneka benze into ekwanye. Akuyi kubananto yakwenza kuyo. Iyonke iqulunqana neRoma, nje ngokuchanelekileyo oko bekuqondakalisiweyo. ISibhalo sitsho njalo.

⁹⁸ Yintoni ingxaki nabashumayeli abavumela ezi zinto zibe kulemeko, ngaphandleni kokulumkisa abantu? UThixo uyakubiza ezandleni zabo. Kanye kweli xesha lengxaki, babesengxakini, babekuyo. Ubukomanisi bungangeni; kwiBhunga likaZwelonke iyakuginya imfumba yonke. Kwaye khumbula, xa usithi, “Ayisokuze...” Iyenzeka, emva koko kusemva kwexesha. Sele uluthabathile uphawo lwerhamncwa. Ungowalo ngoko.

⁹⁹ Kungecono uye apho unakho ukuphuncuka kulo ngoku, ewe, mhlekazi, tywinelwa eBukumkanini bukaThixo. UMzimba kaKristu nguMzimba ontsokothileyo kaKristu, obhaptizelwe kuWo ngoMoya oyiNgcwele; hayi ukujoyina kuWo, ukuthatyathelwe kuWo, ukungeniswa ngokuthethelwa kuWo, ukungeniswa ngokuthethelwa iilwimi kuWo, ukungeniswa ngokukhwazelwa kuWo. Uyazalelwa kuWo, ngoMoya oyiNgcwele. Injalo lonto. Ngokuqinisekileyo.

¹⁰⁰ Ngoku siyaqwalasela ezi zinto, ingxaki iyeza ngesiquphe. Owu, umtyholi wajonga ngaphaya wathi, “Uh-huh, baphumile basemsindweni, baphandle phaya nje bayaxhuma xhuma, bekhwaza, benexesha elimnandi. Niyazi intoni, kanye ngoku lixesha lam lokubatshonisa. Ndiyakubafumana.”

¹⁰¹ Ke waphakama ngaphaya kwenduli waze waqalisa ukuvuthela ityhefu yakhe yokuphefumla, whew, “Imihla yemingaliso yeqqitha. Kakade, ndiyakholwa ukuba aba bantu baphakuphaku. Ndinga bafanele babe no—no—novavanyo lwengqondo ngaphambi baye kwimhlaba yasemzini.” MaPentekoste! Uh-huh. Yabona ityhefu yakhe yokuphefumla ibulala iLizwi, “Owu, ndicinga iyinto engenye, ndi—ndiyakholwa i. . .” Yabona, ibuyela kanye emva ngolwa hlobo onke amahlelo enzayo, leyo yindlela ngqo abayihambayo. Bayakuyenza, yayibulala. Kwangayo loyure othi uyenze umbutho, yayibulala. Yasoloko iyenza. Iyakusoloko iyenza. Ayisokuze ivuke kwakhona. Ayisokuze yaziwe kwimbali. Kwi—kwiSigaba seBandla laseLawudike, uKristu wayengaphandle kwebandla, enkqonkqoza, ezama ukungena ngaphakathi. Kwaye abakwazi kumelana naYo. Abanakho ukumamela kuYo. Ngoku siyafumana, iyure esiphila kuyo, ingxaki ingenile.

¹⁰² Kwaze emva koko saqalisa ukufumanisa, imimangaliso ayisenzeki, njengoko yayinjalo. Abagulayo bagoduka begula. Asikuba kungenxa kaThixo. Kungenxa yokusilela kwemvuselelo phakathi kwabantu. Akukho mvuselelo. Ba—bayahlala baphulaphule; bagoduke, bathi, “Ke, ndiqikelela ukuba okuya bekukuhle. Uh-huh.” Yabona, akukho nzondelelo. Ayikho lanto ebantwini efanele ukuba phaya.

¹⁰³ Ndikhumbula ishumi elinesihlanu leminyaka eyagqithayo, apha e-Arkansas, xa ndandinentlanganiso encinci phezulu phaya eJonesboro, xa malunga namashumi amane amawaka abantu ezama ukuba khona kule, ukuza kumhlangano esixekweni wamalunga neshumi elinesihlanu lamawaka. Kwaye balala phantsi kwezigandla zomqhaphu nayo yonke into engenye, kwaye babamba amaphepha phezu kwabantwana babo abagulayo, nje ukwenzela ukuba bangene ngaphakathi. Bahlala ezitulweni zabo kwaye bebengayi kumka, imini nobusuku, kwaye benza ababo ababathandayo ukuba bahambe bayokufuna ihambhega kunye nebhodlela ye—yesiselo; baze bahlale phaya, kwimini nakwimini, kwimini nakwimini. Iintliziyo zabo zazivutha, zisemlilweni. Nje encinci into uThixo awayenzayo, yababangela bavuthe. Kwaye amakhulu abo angana.

¹⁰⁴ UsenguThixo okwamnye, ngobubusuku, awayenguYe kwishumi elinesihlanu leminyaka elagqithayo. UsenguThixo okwamnye, ngobubusuku, awayenguYe xa Wadala amazulu nomhlaba.

105 Kodwa iyintoni? Siye sathabatheka saza safuna ukwakha imibutho yethu, safuna ukwakha *oku*, nokwakha *oku*, nokwenza into ethile enkulu ekhazimlayo, ukuthelekisa koJoneses, kunye namaWisile, kunye namaBhaptizi, kunye namaRhabe. Akungowabo. Hayi, akunguye. Bagabantu bobuhlelo, ntoleyo ilungileyo, akukho nto ndichasene ngayo nabo. Kukho amaninzi amaKristu alungileyo phakathi kwabo, kodwa akufanele nizibandakanye kula maqela angakholwayo. “Abantu abakhanyela aMandla ako,” akufuneki uthabathe icala kunye nabo.

106 Niyazi, ingxaki yayo eyiyo, nizama ukufaka iHollywood ebandleni. Into enifanele niyayenza kukukhupha iHollywood ngaphandle ebandleni. Yabona? Nizama ukwenza izakhiwo zenu zibe ntle kakhulu, nizama ukwenza amahlelo ethu makhulu, de abe nokutsala abantu. Asinakuya ngaphaya kwicala labo. Kufanele sibazise kwicala lethu. Yonke into iyabengezela, khumbulani, iHollywood iyabengezela ngobuhlabathi, ngelixa iVangeli iqaqambile ngentobeko. Kukho umahluko phakathi kokubengezela nokuqaqamba. Ivangeli iyaqaqamba ngentobeko, nobulali, nokuthobeka, namandla. Ngelixa, iHollywood iyabengezela, kwaye wonke umntu uyayiyizela kwaye engxola, kwaye isiya kuyo. Yabona? Asikudingi okuya.

107 Sifuna ukuphila okunjeya uKukhanya. Wathi, “Niyityuwa yehlabathi.” “Ukuba ityuwa ayinasongo,” lawo ngamandla kwiVangeli. Kufanele sibe nento inyakaza emabandleni ethu, okokuba amaWisile, amaBhaptizi, amaRhabe, kunye nawo onke, ayakunqwenela ukuza. Kufanele sibe mtyuba kakhulu! Ityuwa iyanxaniswa, yenza unxano. Ityuwa sisongo, ukuba iyachukunyiswa. Ifanele ichukunywisa.

108 Kwaye siyafumanisa, imisindo yethu emikhulu sizama ukuthelekisa nomWisile nomBhaptizi, kunye nezakhiwo ezikhulu kunye nendawo ezinkulu, nabalungileyo abantu abafundileyo, kunye nezikolo ezikhulu kakhulu nonokholeji abakhulu kakhulu, nayo yonke into enjeya. Siye semka ngumsindo, kwaye apha ingxaki yangena.

109 Kwaye ingqondo kamoya iyabhekabheka ize ithi, “Apha, linda umzuzu apha, ingaba sonke kuzakufuneka sithabathe iBhunga likaZwelonke? Ingaba lonke iqela lethu liyakuya phaya?” Ngokuqinisekileyo, niyaya. Oko kokuqinisekileyo. Qaphelani nize nibone ukuba ayenzeki. IBhayibhile ithe niyakuyenza, ngokuqinisekileyo, kwaye uKristu uyakuba ngaphandle. Inyanga iye yaba mnyama ngaphambi kopophu (owokuqala owakhe waya eRoma), ngobunye ubusuku, ibonisa nina umqondiso emazulwini. Ngokungaqikeleliyo, yakwenza. Indlela iNkosi eyenza ngayo izinto kulo mhla, iyamangalisa!

¹¹⁰ Ngoko kule yure inkulu yobumnyama, xa babephaya, imimoya yeza. Onke amathemba okuphila ayephelile. Ngoku yintoni ozakuyenza ukuba ihlelo lenu liya kwiBhunga likaZwelonke? Yintoni ezakwenzeka ngoko kuzo zonke izinto zethu ezinkulu esizakhileyo apha emhlabeni, ithemba lokugqibela limkile?

¹¹¹ Kodwa niyazi, njengoko babemalunga nokukhwaza, kwaye onke amathemba emkile, babengenakho ukusindiswa; kwaze ngesiquphe, baMbona esiza, ehamba emanzini. Kwiyure yobumnyama, Weza, engena.

¹¹² Uyazi intoni? Xa Wabashiyayo Yena, Wayesazi oko kwakuzakwenzeka, ke Wakhwela induli eyona iphakamileyo eyayikhona emhlabeni. Phezulu kakhulu usiya, kukhona unakubona kude. Kwaye Wakhwela phezulu ukuze Abajonge, niyazi.

¹¹³ Kwaye Wayesazi ukuba oku kwakusiza. Waluqikelela olu suku ukuba libe lapha. “Njengoko kwakunjalo ngemihla yeSodom, kuyakuba njalo ekuzeni koNyana womntu, xa uNyana womntu etyhilwa.” Ngoko, uNyana kufanele atyhilwe. Esi sizukulwana singcolileyo siyakufuna umqondiso. Siyakuwufumana umqondiso. Siyakuwala njengoko senzayo, kodwa iyakuba ngumqondiso wovuko. Usaphila, esenza njengoko Wenzayo.

¹¹⁴ Siyafumanisa, ukuba kule yure inkulu, abo bafundi bonke babematshekile, Wakhwela phezulu ukuze Yena ababukele. Wayehleli phezulu phaya endulini, ebabukele.

¹¹⁵ Kwaye ngoku Akakhange akhwele ntaba kweli xesha, kodwa Wakhwela ukuphuma engcwabeni, wakhwela ngomoya, ngaphaya kwenyanga, iinkwenkwezi, de Waya phezulu kakhulu de kwafuneka Ajonge ezantsi ukubona iZulu. Kwaye phaya Wahlala, eNyangweni. Ngoku amehlo Akhe akungqabe, kwaye ndiyazi Usijongile. Ujongile.

¹¹⁶ Kwaye kanye apha kule yure yobumnyama, xa amabandla onke ayokungena kwiinkqubo ezinkulu, kwaye anayo lenkqubo kunye nala nkqubo, kwaye enziwe inkqubo onke njengamanye amabandla enjalo, amahlelo. Kwaye kwenzeke ntoni? Kule yure yobumnyama, xa abantu abazaliswe ngumoya bemangalisiwe, “Yintoni ezakwenzeka? Jonga ebantwaneni bam!” Indoda ithi, “Jonga emfazini wam! Jonga koku!”

¹¹⁷ Kwaye bakhuphe iCawa, okanye umthandazo wasebusuku ngoLwesithathu, phambi kwexesha, ke bangaya kubukela uSithanda uSucy, okanye into ethile enjalo, kumabonwakude. “Abathandi behlabathi, kunokuba bethanda uThixo.” Besenza njengabo.

¹¹⁸ Ndxalela inenekazi ngenye imini, lalinxibe ngokupitseneyo kwilokhwe yalo. Ndathi, “Dade, laa lokhwe ipitsene kakhulu.

Ingangavakali kakuhle kum ukukuxelela oko, kodwa injalo. UngumKristu, kwaye uyakwenza isikhubekiso.”

¹¹⁹ Lathi, “Kulungile, Mzalwana uBranham, uyazi intoni?” Lathi, “Olu kuphela kohlobo abalwenzayo.”

¹²⁰ Ndathi, “Basathengisa amalaphu, kwaye banomatshini bokuthunga. Akukho kuzithethelela.” Ehe.

¹²¹ Phulaphula, mandikuxelela into ethile, sihlobo sam. Hayi ukukuchukela. Hayi, mhlekazi. Ndizama ukukukhupha kwintuthumbo. Oko nje lamoya ungapakathi kuwe, uzakuyenza. Injalo lonto. Kufanele uzalwe uphume kuyo. Ngoku ungazonelisa kula ntetho, kodwa mandikuxelele into ethile, yabona, “Into eyiyo intliziyo yakho, kulapho ubutyebi bakho bukhoyo.”

¹²² Mandikuxelele. Ungaba ngonyulu nje ngenyibiba kumyeni wakho, kwaye ungaba nyulu nje ngenyibiba, ntombi encinci, kwisihlobo sakho esiyinkwenkwe, kodwa ngenye imini uThixo uzakwenza uphendule ngokukrexeza. Unetyala xa unxiba ngolwahlobo. UYesu wathi, “Nabani othi ajonge kumfazi amkhanuke, usele emkrexezile entliziyweni yakhe.” Kwaye xa la ndoda kufanele iphendule, la moni, ngokujonga kuwe, ngokukrexeza, ngubani oyise kuye lanto? Yicinge lonto. Nina bafazi bamaPentekoste, usizi kuni! Yabona? Usizi kuni!

¹²³ Ndiyanithanda, eso sisizathu endikutshoyo oko. Uthando luyaluleka.

¹²⁴ Sikumsindo omkhulu, unxibo lomsindo omkhulu. Ifana nje, kwaye ifaniswa nje, nehlabathi. Wathi, “Musani ukulithanda ihlabathi, nezinto zehlabathi; ukuba niyakwenza, uthando lukaThixo alukho kwa ukubakho kuni,” Andikhathali kukangakanani nithetha iilwimi, nixhumaxhume, nidanise; nichebe iinwele, ninxibe iilokhwe ngolwa hlobo. Nina madoda niyayivumela. Iziquhamo zenu zinixela apho nikhoyo. Injalo ngqo lonto. Akumangalisi sikwibhunde bhude enjena njengoko sinjalo, kwaye imimoya yobukomanisi, imimoya yobucawa, imimoya yokuba ngumbutho kazwelonke!

¹²⁵ Li—lixesha lokujoyina, ixesha lokumanyana. Iimanyano zimanyanisa abasebenzi, ukuxambulisa ngayo. Izizwe zine—neZizwe eZimanyeneyo, ziyamanyana. Amabandla ayamanyana kunye. Yintoni yonke eyibonisayo? Ibonisa ukuba uKristu noMtshakazi balungiselela ukumanyana. Yilonto ethetha ngayo. Zonke ezi zithunzi zezinto zibonisa uqobo lusiza. Qaphela ngoku njengoko sivala, kuba ndishiywa lixesha.

¹²⁶ Kwaye ngoku qwalasela, kula yure inkulu xa lonke ithemba lalimkile, lokuphila, babona Othile esiza, ehamba emanzini, ehamba enyuka. Kwaye into, into embi, phulaphulisani, into ekuphela kwayo eyayinokubanceda, babeyoyika. Bathi, “Ikhangeleka okomshologu. Ingaba nguwo, niyazi, umshologu.”

¹²⁷ Ukuba oko akwenzekanga kwakhona! Bayayoyika Yona. Bayakoyika imvumiso, bayoyika uhlobo oluthile lwamandla kamtyholi; xa uYesu wathi Iyakwenzeka kulo mhla. Kuphela kwento enokubanceda nguYesu Kristu. Hayi elinye ihlelo, hayi bonke babo bemanzana; oko nje kuzakuyenza mandundu kunakuqala. Kuphela kwento enokukunceda nguYesu Kristu.

¹²⁸ Kwaye xa Wathembisa ukubuyela kwimihla yokugqibela, kule mo, kwaye enze oku, ethembisa (nje ngaphambi konyana wesithembiso abuyele ku Abraham, imbewu yokuqala) imbewu yasebukhosini ka Abraham, uYesu uya...uthe uyakubona into ekwanye. Ngaphambi koNyana wesithembiso, uThixo uyakuzibonakalisa Ngokwakhe enyameni kwaye enze twatse njengoYesu wenzayo, njengoko Watshoyo Uyakukuyenza, njengoko athe iyakwenziwa kwimihla yokugqibela. Kwaye apha zonke ezo zithembiso, esinokuzibeka, ngobuninzi, kanye apha ngaphambi kwakho, ezifanele zenzeke.

¹²⁹ Kwaye amabandla, afanele akhuphe iingalo, ukuyamkela Yona, “Ndinokoyikana okuncinci koKuya. Akuyiyo okweqela lethu, yabona.” Kwaye bayayoyika Yona. Kuphela kwento enokubazisa kuKristu, nguKirstu ngoKwakhe, kwaye bayoyika kuba iyoyikeka. “Owu, andazi. Ingaba inobushologu, niyabona. Kwaye andazi malunga naYo.” Ukoyika into ekuphela kwayo enokubanceda.

¹³⁰ Kwaye kula yure imnyama yonxizelelo, elo bandla lanyuliweyo, ela qela lihleli phaya, boyikela ukuba inokuba sisiporho, babengafuni ukwenza nto kunye naso. Emva koko kweza ela Zwi limnandi, “Musani ukoyika. NdiM.”

¹³¹ Yena liLizwi. AkaliLo? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Akazange waguquka, ekubeni liLizwi. Ngoku akunakuliva na iLizwi lisithi, ngobubusuku, “Usenguye izolo, namhlanje, naphakade. Musani ukoyika; NdiM”? [“Amen.”]

Masithobise iintloko zethu.

¹³² Bawo waseZulwini, u—ubusuku bushushu. Iiyure zimnyama, indlela ethe yemka ngayo iMililo esibingelelweni. Wena ubhikica kuyo intsimi. Wena uthe, “UBukumkani bufana nendoda eyathabatha umnatha yaze yaya elwandle, yawuphosa, kwaye xa yazisayo. UBukumkani babunjalo.” Nkosi Thixo, ngamini ithile laa ntlanzi yokugqibela ekulamanzi! Wena uthe, “Bathabathe zonke iintlobo.” Umnatha weVangeli ubambisa zonke iintlobo; ubambisa ooskolpati, oononkala, izigcawu, amarhamba, intlanzi ezitya iintlanzi. Asiyazi ukuba ibambisa ntoni, kodwa kwakukho iintlanzi ezithile phaya Owawulandela zona. Wena unguLowo onguMgwebi. Kodwa siyaqonda, ngokukhawuleza uskolpati, unonkala, nazo zonke, zibuyela kumngxunya wodaka kwakhona, emva emanzini. Kodwa ngenye imini laa ntlanzi yokugqibela eyayimiselwe, yamiselwa ngexa elingaphambili

ukuza, la ndawo yokugqibela yoMzimba, iyakutsalwa ikhutshwe kwela chibi.

¹³³ Waphosa umnatha ngemihla kaLuther, noWesley, u-Alexander Campbell, uJohn Smith, uCalvin, uKnox, uFinney, uSankey, nanjalo njalo; kwisigaba sobuPentekoste, imihla kaF. F. Bosworth, noForchman, loo madoda abalulekileyo. Wena uphose iminatha, imihla kaBilly Sunday, khona ezantsi ngesigaba.

¹³⁴ Kwaye ngoku Wena usarhugula ngolwandle. Ingaba kukhona othile wabo ohleli apha ngobu busuku, Nkosi? Ukuba injalo, mhlawumbi bayakufana nalamfazi mncinci equleni. Nkqu nakwimeko yakhe yobuhenyukazi, waqonda noko ukuba Wena wawunguMesiya. Wabona olwaphawu. Yaba yiyo. Wathi, “Ndiyaqonda ukuba Wena ungumprofeti.” Wayengenaluvo lokuba usenokuba nguMesiya. Wathi, “Sikhangelala uMesiya,” ngamanye amagama. “Siyayazi xa uMesiya efika, Uyakusixelela ezi zinto.” Kwaye Wena wathi, “NdinguYe.” Yaba yiyo.

¹³⁵ Ngoku, ngobu busuku, Nkosi, benze bakubone oko, “NdiM; musani ukoyika. Sisithembiso saM.” Philisa abagulayo, Nkosi, sindisa abalahlekileyo, gcwalisa abangenanto.

¹³⁶ Sanga singemka ngobu busuku, kwaye sithi ezintliziyweni zethu, njengoko sisimka, njengabo babevela e-Emawusi, “Bezingavuthi na iintliziyo zethu ngaphakathi kuthi njengoko Yena ebeshumayela kuthi ngobu busuku esakhiweni, uBukhona Bakhe obuNgcwele!” Indlela abayaziyo ukuba yayinguWe, bakumemela ngaphakathi Wena kwaye amehlo abo avuleka. Wanga wonke ngamnye kuthi, ngobu busuku, angakumemela ngaphakathi Wena. Ukuba asiyiqondi Yona, sanga singakumemela ngaphakathi, nakanjani. Leyo kuphela kwendlela Ongazityhila ngayo Wena.

¹³⁷ Kwaye siyaqwalasela indlela Owazityhila ngayo Wena emva kokuvuka Kwakho, Wenza into ngohlobo olukwalunye Owalwenzayo ngaphambi kokubethelelwa Kwakho. Ngoku yiza ngobu busuku, Nkosi, Uthe Wena wawunguye “kwanguye izolo, namhlanje, naphakade.” Senzele kwakhona, thina, njengoko Wenzayo ngemihla xa Wemayo apha enyameni, emhlabeni. Siyakugoduka, sikhaphukhaphu entliziyweni, njengabaya. EGameni likaYesu siyathandaza. Amen.

¹³⁸ Ngoku enkonzweni, ngobu busuku, ndiyayazi kushushu kakubi, kwaye sifumana imizuzu engamashumi amabini wokuba siphume ngexesha. [Indawo engananto eteyiphini—Mhl.] Ndi . . .

¹³⁹ Andikwazi ukuyeka okanye ukuthintela izinto endizenzayo. Ndiqhutywa Yinto, ndabe ndisoloko ndinjalo, bonke ubomi bam, kwaye Yasoloko iyelungileyo. Ayizange yandixelela nanto kuphela koko kwakuseBhayibhileni. Andikwazi kuyiyekisa. Andikwazi kwenza nto malunga nayo. Iyayenza nje yona,

nakanjani. Kwaye ndiqinisekile, ukuba ndiyathobela, bekukho umntu othile obeyidinga. Kwaye ndiyakuba ngothembekileyo. Kwaye ngawo la Mhla, ndifuna, njengomkhulu oNgcwele uPawulos watshoyo, “Akukhogazi lamntu lisesandleni sam.” Huh-uh. Ndi—ndifuna ukunixeleva iNyaniso. Hayi njengo mna ndi. . . Ndiyathanda.

¹⁴⁰ Kwaye ukuba unenkwenkwe encinci. . . Ngoku cinga ngayo, nenekazi, wena ndikungxolisileyo ngethuba eligqithileyo, nina bodade nineenwele ezinqothulweyo kunye nezinto. Ukuba ndi. . . Ukuba unenkwenkwe encinci ihleli phandle estratweni, uze uthi, “Junior, sthandwa, kungcono ungene, sthandwa. Isenokwenzeka, andazi, mhlawumbi bayakuqhubela kuwe.” Akumthandi laa mntwana. Injalo lonto. Uyakuphumela phaya uze umxobule, okanye umenze angene. Injalo lonto. Uyamthanda.

¹⁴¹ Leyo yindlela iVangeli eyiyo. UThixo uyanithanda. “Kwaye abo abathandayo Yena, Uyabaqeqesha kwaye wohlwaya wonke umntwana ozayo kuYe.” Ukuba akunakho ukumelana nengqeqesho, uyemka uhambe uze ube nomsindo malunga nayo, ngoko ungumntwana ongumgqakhwe, akunguye umntwana kaThixo. Ke khumbula nje, isiSibhalo nje.

¹⁴² Ngoku ilizwi kuYe, ilizwi elinye, liyakuthetha okungaphezulu kunoko ndinokutsho, izigidi zamaxesha obomi. NguYe. Siyasazi isithembiso Sakhe. Siyakwazi athembise ukwenza Yena. Ngoku andazi nokuba. . . ukubana. . . kokuya siya. . .

¹⁴³ Ingaba yena uwakhuphile amakhadi kwakhona? Ingaba uwakhuphile amakhadi namhlanje? Ibiyintoni? J, kulungile. Kulungile, ukonga ixesha, masiqaliseni nje ukusuka kwinani isinye. Ngoku, mhlawumbi bakwisakhiwo sonke. J, inani isinye.

¹⁴⁴ Kwaye ngoku sifumana ababhaduli. Siqale ukusuka, ngelinye ixesha, ukusuka kwesi sinye, ixesha elingaphezulu, okunye ngasemva naphambili, nokujikeleza, kodwa sibafumana bebhadula khona apha. Kodwa bonke abantu abangenayo, mihla yonke, banethuba lokunyuka beze emgceci. Oko akuthethi kuba ulapha. . .

¹⁴⁵ Bangaphi abaziyo, kulo mlangano, kube kukho phantse ngokuphindiweyo ukuba baninzi abaphilisiweyo esihlwelweni, njengoko babephilisiwe phezulu apha? Ngokuqinisekileyo, niyayazi. Yabona, ikhadi lokuthandazelwa lelokwenza nje abantu beze phezulu apha, ukwenza uMoya oyiNgcwele phakathi kwabo, ke njengoko nikuqhelile ukwenza oko. Akudingeki kwa ukuba sibe nalo ngoku. Singawayeka amakhadi okuthandazelwa.

¹⁴⁶ Nje ngokuba besenzile kubusuku bayizolo, asikhange sibe namakhadi okuthandazelwa kubusuku obugqithileyo. UMoya oyiNgcwele uyile phakathi kwabo abo bebengenamakhadi

okuthandazelwa. Kwaye ndibone izinto ezininzi andithethenga nanto ngazo, kuba bendingazi nokuba ibinjalo okanye hayi. Ndisabambe mnyama kuzo, kwaye ndiyaziyeka nje. Andiyazi. Ayisayi kwenza okulungileyo ukuwabiza. Nantoni Yena ayitshoyo ilungile, ke phulaphulani koko akutshoyo Yena.

147 Ngoku ingaba ubuthe lowo ibingu J? J, inani isinye. J, inani isinye, ngubani onekhadi lokuthandazelwa, phakamisa isandla sakho. Kumele ukuba uphazamile, nyana; kufanele ibe yenye. . . Owu, uxolo. Owu, emva lee ekwayameni udonga emva. Yiza apha, nenekazi. Ba—bazisa nje la makhadi ezantsi ngoku, inkwenkwe, uMzalwana uBorders okanye uBilly, omnye, ngamanye amaxesha bobabini, bawaxube loo makhadi phambi kwenu, emva koko baninike amakhadi enu, nantoni na eniyifunayo. Asiyazi, bona nje. . . *Lona* yena angafumana inani lesihlanu, aze *lowa* yena afumane inani lesixhenxe, *lona* yena ufumana ishumi elinesihlanu, aze *lowa* yena amashumi asithoba anesihlanu, kwaye asiyazi. Kwaye ngoko, kwakhona, xa ndisiza, nje ndi, naphina apho kubekeke entliziyweni yam, ndibiza ukusuka phaya, akukhathaliseki nokuba iphi. Mna nje. . . Ukuba ndithi. . . Ngamanye amaxesha ndibala bangaphi eluhlwini, ndize ndihlulahlule ngesinye sezi zintlu ndize ndifumane impendulo. Yabona? Kuze emva koko, ukuba andiyenzi, kutheni, mna nje. . . nantoni efika engqondweni yam kuqala, ndiyabiza.

148 Inani isinye. J, inani isibini. Inani isibini, inani isithathu, inani isine, inani isihlanu, inani isithandathu, isixhenxe, isibhozo, isithoba, ishumi, mabeze, yabona. Isinye, isibini, isithathu, isine, isihlanu, isithandathu, isixhenxe, isibhozo, isithoba, ishumi. Kulungile oko. Leyo yindlela, yiza kanye. . . Linda, omnye uye ngenye indlela. Bendi. . . Isinye, isibini, isithathu, isine, isihlanu, isithandathu, isixhenxe, isibhozo, isithoba. Kulungile oko. Ngoku, apha, nantsi apha, ishumi. Kulungile.

149 Ishumi elinanye, ishumi elinesibini, ishumi elinesithathu, ishumi elinesime, ishumi elinesihlanu. Eso sisihlanu ngaphezulu. Isinye, isibini, isithathu, isine, isihlanu. Kulungile, oko kulungile.

150 Ishumi elinesithandathu, ishumi elinexhenxe, ishumi elinesibhozo, ishumi elinesithoba, amashumi amabini. Isinye, isibini, isithathu, isine. Ndibona kuphela isine. Amashumi amabini, ingaba amashumi amabini aphenkulule? Kulungile. Ngoku, asifuni kwenza abaninzi beme ngaxeshanye. Ngoku ukuba siyagqiba ngaba, kwaye kuselithuba ngokwaneleyo, siyakuya kwabaninzi. Asibizi. . . Mhlawumbi si. . .

151 Masizame ambalwa angaphezulu. Masizame amahlanu ngaphezulu. Amashumi amabini ananye ukuya kumashumi amabini anesihlanu, koo J, mabame ukuba niyakwenza.

Amashumi amabini ananye ukuya kumashumi amabini anesihlanu. Isinye, isibini, isithathu, emva lee ngasemva, isine. Isinye, isibini, isithathu, isine, eso sisihlanu. Kulungile, ngoku masime nje phaya. Kukho amashumi amabini anesihlanu emgceci, kwaye ba—badwele ezantsi apha.

¹⁵² Ngoku ndizakunicela inceba. Ningandinika uhoyo lwenu olungahlulwanga. . . Nikani uThixo uhoyo lwenu olungahlulwanga, okwalemizuzu ilandelayo, ilishumi elinesihlanu, ishumi elinesithandathu. Ingaba niyakuyenza lonto? Kwaye ingaba niyakuyenza lena, vulani intliziyo yenu? Ngoku khumbula oko ndikutshiloyo. Sukuyivumela isitibe phezu kwentloko zenu, njengamanzi esiva kumhlana wedada, njengokutsho okudala kusitsho. Sukuyenza lonto. Gqala Oku.

¹⁵³ Ukuba ndinixelela nantoni na engekho Sibhalweni, kunye nesithembiso seyure, nibophelelekile ukubona umphathi apha nize nizokundixelela malunga nayo. Injalo lonto. A—andifundisi nanto kuphela koko kuseLizwini. Kwaye ukuba ndihlala lungileyo kunye nela Lizwi, kwaye ukuba ndithi Ilolwahlobo, kwaye uThixo. . . IseBhayibhileni. Ukuba iNgelosi yeNkosi indixelele into ethile ebe ingekho eBhayibhileni, ayisayi kuba yiNgelosi yeNkosi. Injalo lonto. Akazange nangaxesha linye wandixelela nantoni kuphela koko kwakuseLizwini, kwaye niyandingqinela. Akazange atsho nanye into, kumakhulu amawaka namawaka, kunye neelwimi zehlabathi, Ingaba Yena wakhe watsho nantoni engalunganga, okanye watsho nantoni engazange yenzeke.

¹⁵⁴ Phulaphulani. Buzani umphathi kunye nabo apha. Oko koko nonke nikubonayo apha, licala eliselula lokuya. Ingaba injalo, bazalwana? [Abazalwana bathi, “Injalo.”—Mhl.] Kutheni, phandle phaya, naphandle kubomi babucala, apha Yena athi, “Yehla uye *kule* ndawo, uze ubone *oku*. Kwaye *oku* kuyakwenzeka. Kwaye utsho *oku* apha, ezantsi *apha*.” Isoloko nje ngokuthe nkqo, lonke ixesha, yabona, unyaka nonyaka. Abantu kwisihlwele bayabona nje i—izinto ezincinci. Kodwa ngoku ukuba niyakubanentlonelo.

¹⁵⁵ Ngoku ingaba wonke ubani kulo mgca wokuthandazelwa, omileyo apha, ngabangaziwayo ndim? Phakamisani izandla zenu ukuba ninjalo. Kulungile. Bangaphi phandle phaya abakhoyo, abaziyo ukuba andazi nto malunga nani? Phakamisani isandla senu. Ngoku ngelixa. . . Enkosi. Andikhathali nokuba uphina, ukuba usebhalkoni, emva ekwayameni udonga, ezantsi *apha*, naphina apho ukhoyo. Ndizaku. . .

¹⁵⁶ Ngoku oku kokulungele wena. Kokokuxhamlisa wena. Yabona, kokuxhamlisa wena.

¹⁵⁷ Ndinge lowa yayingumzukulwana wam ethetha nam ngoko, kodwa ibingenguye. Ndinomzukulwana ngaphakathi apha ndaweni ithile, ngobu busuku, umalunga nalamlinganiselo,

kwaye ndicinge ibinguPaul omncinci. Ube esoloko esithi uzakuza, ame eqongeni, andishumayebele, kwaye akakabi naminyaka mibini ncam ubudala. Ndinga la nkwenkwe incinci ikhangela unina.

¹⁵⁸ Ke khumbulani, ndizama ukuninceda. Ndi... UThixo uyakwanzi okuya. Ndizama ukuninceda, yabona. ngoku khangelani, ndifuna nixhamle, ukuba Yena uthe eze phakathi kwethu.

¹⁵⁹ Ngoku cinga ngayo, uMntu kaYesu Kristu esebenza enyameni, njengoko Yena wathembisa Uyakuyenza ekugqibeleni. Bangaphi abayaziyo Uthembisile oko? [IBandla lithi, "Amen."—Mhl.] Njengoko kanye kwakunjalo ezantsi eSodom, xa iNgelosi inomhlana wayo uguqulwe, kunye ne... Lowo yayinguThixo. Ingaba niyakholwa ukuba lowo yayinguThixo? Bangaphi abakholelwayo ukuba lowo yayinguThixo? ["Amen."] Ngokuqinisekileyo, yayiyiyo. IBhayibhile yathi yayiyiyo. Kwaye Yena, uYesu, wabhekiselela kuyo. Ngoku qwalasela.

¹⁶⁰ Ngoku nina baphandle phaya abangenakhadi lokuthandazelwa, ndifuna nindenzele into ethile, naphina apho nikhoyo. Ngoku khumbulani, ezi zinto, qaphela xa Ikuxelela ukuba uphilisiwe, okanye oko Ikuxelela ukuba ukwenze. Qaphela oko Ikutshoyo. Ukuba nje Iyakuxelela, oko kukwakha ukholo lwakho. Kwaye xa ukholo lwakho lufika kwindawo, uyaya nje uze wamnkele uThixo. Asindim, kuba uBawo waseZulwini uyayazi.

¹⁶¹ Ndjonga ezantsi lo mgca apha, andiboni namnye umntu endimaziyo. Andinakubona kuphela kumalunga namabini okanye abathathu abantu kwisihlewele sonke, endibaziyo. Kwaye andiyazi njengoko, kanye ngoku, andinakutsho, ndibonise omnye. Ndiyamazi la Edmund Way wayelapha kwimizuzu embalwa egqithileyo. Ndinge ndimbonile yena, kwaye ndi—ndiphosile... .

¹⁶² Ukuba andiphazami, ndiyambona umntu othile endimaziyo, yindoda nomfazi wayo, kunye nentombazana encinci, ebizwa Fritzinger, esuka e-Ohio. Ingaba, ungumzalwana—Mzalwana Fritzinger? Uhleli hlobo luthile kwisithuba esincinci apho... . Lowo nguMzalwana noDade uFritzinger, abasuka e-Ohio, abahlobo bam.

¹⁶³ Kwaye ngaphandle kokuya, behleli emva, yi... . Ndiyabona ecaleni ngapha, yindoda endala isiya kumashumi asithoba eminyaka ubudala, ngegama elinguWilliam Dauch. Yona nomfazi wayo. Ungomongikazi. UWilliam Dauch, e-Ohio, esisondela kakhulu isihlobo sam. Kungekudala kakhulu, wayena, mashumi asithoba ananye eminyaka ubudala, wayenokupheleleyo ukusilela kwentliziyo, uhlaselo lwentliziyo,

kwaye umfazi wakhe wanditsalela, ukuba ndize ngoko nangoko, wayesifa kanye ngoko. Kwaye kwi . . .

¹⁶⁴ Ube engonjalo umhlobo osenyongweni kum. Endleleni yam phezulu ukuya kumbona, ndandikhathazekile. Ndaza ndamisa, kwaye elinye lamavili am laphuma emgceeni, lalisika nje ivile lam lisiba ngamasuntswana, kwaye ndaya kwisikhululo iTexaco, ndafumana amafutha, baza baphuma, balijonganga. Kwaye ndajonga phezulu, ndaza ndabona uMzalwana uDauch ehamba esihla engena ebandleni lam, exhawula isandla sam. Ndathi, “Mayibongwe iNkosi.” Kwaye ndajonga ngasemva ngale ndlela, kwaye nanku esiza esehla ngestrato, kwaye exhawula isandla sam. Ndaya kuye.

¹⁶⁵ Ndabona ugqirha wakhe, umJuda osemntsha, okanye indoda ekumbindi wobudala, indoda engumJuda. Ndaza ndathi, “Kutheni ngaye, gqirha?”

¹⁶⁶ Wathi, “Akanalo nethuba lokulwa.” Wathi, “Uphantsi kwe ntente ye-oksijini.” Wathi, “Uyakufa kanye phaya.” Wathi, “Khumbula, unamashumi asithoba ananye ubudala.”

Ndathi, “Ewe, mhlekazi.”

¹⁶⁷ Wathi, “Lolupheleleyo uhlaselo lwentlizyo. Akukho nto yimbi enokuwenziwa.” Wathi, “Lixesha lokuhamba.”

¹⁶⁸ Ndaza ndathi, “Ewe, mhlekazi. Kodwa, hayi, akahambi. Yilonto yonke.”

¹⁶⁹ Ndaya ngaphakathi, ndabeka isandla sam phantsi kwentente. Ndathi, “Mzalwana uDauch, uyakwazi ukundiva?” Wajonga kum. Ngoku ngenene, egameni lakhe, ungumJamani, D-a-u-g-h, kwaye nje ndilibiza Dauch, yabona. Kwaye ndi—kwaye ndabeka isandla sam phantsi kwentente, ndaza ndathi, “Uyandiva, Mzalwana uDauch?”

Wathi, “Ehe.”

Ndathi, “Akuhambi. Ndigqibile ukukubona akuhambi.”

¹⁷⁰ Kwiveki ukusukela ngoko, ndimile ebandleni lam, ngubani oweza enyuka ehamba ebandleni kuphela nguMzalwana uDauch! Ndashiya umhlangano ndaya ngaphaya komlambo, kwivenkilana, ukuya kutya. Kwaye xa ndaphumayo emotweni, kwaye ndihamba ndinyuka ngestrato, naku kusiza uMzalwana uDauch ekhuphe isandla sakhe. Yona imibono ayisileli.

¹⁷¹ Kwaye laa ndoda yamakhulu asithoba ananye eminyaka ubudala, kwaye ilandela yonke imihlangano, yayiseCalifornia. Ungaphakamisa nje isandla sakho, Mzalwana uDauch, uhleli apho, ukuze abantu babone elikuko ijoni lenene ngoku. Apha, kuhleli kanye apha, yabona, amashumi asithoba ananye eminyaka ubudala, kwaye elandela yonke imihlangano. Xa ndisemnqubeni, uqhuba amakhulu eemayile yonke imihla, ukuza kuva mna ndishumayela intshumayelo encinci, aze

abuyele emva. Thixo, “Kuyakubakho uKukhanya ngexesha langokuhlwa.”

¹⁷² Ndathi, ngenye imini ndandithetha nabo, ndathi, “Ndingakwenzela ntoni, Mzalwana uDauch?”

¹⁷³ “Isicelo nje esinye, Mzalwana uBranham. Xa Efika, ndifuna ukuhamba kunye naYe.”

¹⁷⁴ Ndathi, “Ungakhathazeki. Oko kuqinisekisiwe. Ngokuqinisekileyo.” Ngoku, indoda yangena, yabhaptizwa, owu, yangena yaza yamnkela ubhaptizo loMoya oyiNgcwele nayo yonke into, nje esimangalisayo isicaka sikaKristu.

¹⁷⁵ Ngoku ndizakucela wonke ubani, ahlonene ngenene, jongani ngale ndlela kwaye nithandaze.

¹⁷⁶ Ngoku bangaphi abafundisi apha abayaziyo ukuba Yena nguMbingeleli Omkhulu, kanye ngoku, onokuchukunyiswa yimvakalelo yobulwelwe bethu? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Kuhle, ukuba Unguye izolo, namhlanje, naphakade, kwaye okwamnye uMbingeleli Omkhulu, uyakwenza kwangohlobo olunye. Kuphela, Yena, umzimba Wakhe use...kwiTrone kaThixo. Bangaphi abakwaziyo oko? [“Amen.”] Umzimba kaYesu useTroneni kaThixo. Kodwa Yena usebenzisa umzimba wethu ukuzibonakalisa Yena ngawo, nje ngohlobo Awathembisa ukwenza ngalo. “Imisebenzi Endiyenzayo nani ngokunjalo.”

Ndizakucela nihlale ngokuzola, hlonelani, qaphelani, thandazani.

¹⁷⁷ Ngoku, Bawo waseZulwini, ndizamile ukuba ngohloneleyo ngenene njengoko ndisazi indlela yokwenza, malunga nako. Ngoku nje iLizwi kuWe ngoku, Nkosi, kwaye emva koko langa elizolileyo, elincinci iZwi lingehlala kwesi sihlwele lize lithi, “NdiM; musani ukoyika.” Siphe, Bawo. Kwaye ndinikela kuWe, ngoMyalezo obe ushunayelwe ngobu busuku, ngeLizwi Lakho liqinisekisiwe. Akunyanzelekanga ukuba ukwenze oko. Kodwa ukuba Uyakukwenza, okanye uthi Ukwenze, ngokuba oko Uthembisile ukukwenza. Ndiyathandaza ukuba Uyakunikeza oku, eGameni likaYesu. Amen.

¹⁷⁸ Kwaye wonke umntu ahlonene ngenene, nje ukuhlonela ngenene. Unjani? Ngoku ndiyakukunika iSibhalo njengoko siqhubekeka. Ukuba iNkosi iyakwenza, andazi. Kodwa nj-... Ndibe ndishumayela ngolwa hlobo, yabona, olo luhlobo oluthile lwentambiso. Olu lolunye uhlobo lwentambiso. Oko nje bekusikelela. Oku, nje into enye, nje kuthabatha ubomi kuwe.

¹⁷⁹ Ngoku inenekazi limile apha. Andizange ndalibona ebomini bam. Ingaba singabangazaniyo? Ndiyakholwa utshilo, ngethuba eligqithileyo, bendingakwazi. UThixo uyakwazi. Uyandazi. Ingaba uyakwazi oko simele kona apha ngoku, sizakukufuneka siphendule ngayo kuMhla woMgwebo? [Udade uthi, “Amen.”—

Mhl.] Unolwazi ngokuya? Uyakwazi oko esikwenzayo ngoku, uThixo uzakusenza siphendule ngayo phezulu phaya? Ndikutshilo nje oko ngesizathu. Ngoku, ukuba iNkosi uYesu iyakutyhila kum oko ukwenzayo, yintoni esegqondweni yakho, okanye into ethile enjeya, ingaba uyakukholelwa? Uyakufuneka ukholelwe oko, akuyi kuyenza? [“Amen.”]

¹⁸⁰ Ingaba niyakukholelwa khona phaya, nina sihlwele? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.]

¹⁸¹ Ngoku siyema nje ngokufana twatse nomfazi equleni, kunye neNkosi yethu, indoda nomfazi behlangana okokuqala. Yabona? Naku silapha, sihlangelana i...Lowo nguYohane oNgewele isahluko sesi-4. Ngoku ukuba uMoya oyiNgewele uyakutsho...Ukuba ulapho usenzela mntu wumbi, ukuba uyagula, ukuba yingxaki yasekhaya, ukuba yingxaki yemali, nantoni na eyiyo, andinalufifi. Kodwa Yena unalo. Kodwa Angacalula iingcingane ezisentliziweni yakho. Yena liLizwi. Andinakho. Ndingumntu. Wena nje unobuphakuphakwanyana, kwaye eso sisizathu endikwenzela kona oku, uyabona.

¹⁸² Leyo yenye yeengxaki zakho, bubuphakuphaku. Injalo lonto. Kwaye uneswekile kananjalo, leyo yenye into engalunganga ngawe. Injalo lonto. Iingxaki, nje izinto ezininzi ezingalunganga. Ingaba injalo lonto? Ukuba lonto injalo, phakamisa isandla sakho. Yabona? Ingaba uyakholwa Yena uyakukuphilisa? [Udade uthi, “Ndiyakholwa.”—Mhl.] Uyakholwa? Ngoku, ubuphakuphaku bakho bubangelwa bubudala bakho, yabona, kodwa ngoku okuya kuyakumka kuwe. Kwaye ndiyakholwa ukuba ngokholo siyakuya eKhalvari, sibe nokwethiwa iGazi.

¹⁸³ Ngoku, oko nje ngokuchanekileyo koko Akwenzileyo. Waxelela umfazi equleni ingxaki yakhe yayiyintoni. Ezakhe yayingabayeni abaninzi. Eyakho yayikoko...Ndicinga yayibubuphakuphaku, kwaye ezimbini okanye ezintathu ngaphezulu izinto ezingalunganga ngawe. Injalo lonto, ayinjalo? Leyo yinto ekwanye.

¹⁸⁴ Ngoku, xa Wezayo kuSimon, Wamxelela wayengubani. Uyakholelwa uThixo angandixelela ngubani igama lakho? Ingaba oko kuyakukwenza ukholelwa ngakumbi? Iyakuyenza? Nkskz. Strong...[Udade uthi, “Stout.”—Mhl.] Stout, ingaba uyakholwa? Hamba ukholwe, kwaye wena . . . Iphelile. Amen.

¹⁸⁵ Yiza. Uyakholwa? Ndingongaziwayo kuwe kananjalo. Andikwazi. UThixo uyakwazi. Uyakholwa ukuba Yena angatyhila kum yintoni ingxaki yakho? Kwaye ukuba Uyayenza, ngoko iNkosi uThixo mayisikelelwe. Ingaba oko yinyaniso? [Udade uthi, “Ewe, iyinyaniso.”—Mhl.] Ngoku suku—sukukhathazeka, yabona, lowo—lowo nguYe, lowo umvayo ngokuvakalelwa oko. Kulungile. Ugula kananjalo yimeko yobuphakuphaku, ukuphakuzela kwengqondo, kwaye ukrazuka lula. Kwaye ugula yingxaki yesinyi, into ethile ayilunganga

ngesibindi, kwaye unokusilela kwe oksijini egazini. Injalo lonto. Unento ethile. . .

¹⁸⁶ Iyaqhubekeka isiba yindoda ibonakala apha. Uyakholelwa ukuba uThixo angakuphilisa? [Udade uthi, “Ewe, ndiyakholelwa.”—Mhl.] Aphilise nendoda yakho, nayo, ayenze iphile? Ucinga ukuba ingxaki yesisu iyakumka, kwaye uyakuphila? Yilonto agula ngayo. Hamba uyokubeka izandla zakho kuye, umxelele njalo, kwaye iya—iyakumka kuye.

¹⁸⁷ Ndingongaziwayo kuwe. INkosi uYesu iyasazi sobabini, Ayinjalo? Ingaba uyakholelwa ukuba uThixo angakuphilisa? Ukuba iNkosi uYesu uyakutyhila kum into e. . . othe wena. . . esentliziweni yakho, ingaba uyakholelwa ukuba Yena uyakukuphilisa? Ube unengxaki ethile. Unayo ingxaki ye—ye—yesingxobo senyongo, into eyenye. Kwaye enye into, ibangele isinyi sakho sibe nemeko yesilonda ethunjini, kodwa yilonto ugqirha wakho ayitsholoyo. Ngoku, enye into yile, yokuba bafuna ukutyanda ngenxa yoko. Injalo ngqo. Ingaba asiyo nyaniso leyo? Ngoku ingaba uyakholelwa Yena angakugqitha okuya? Ucinga ukholo lwakho lukuYe? Ngoku uyayazi ukuba asindim okwenzayo oko. Uyakholelwa? Kulungile. Hamba, kwaye njengokuba uye wakholelwa, ke makubenjalo kuwe.

¹⁸⁸ Singabangazaniyo, ndiyaqikelela. INkosi uThixo iyasazi sobabini. Ingaba uyakholelwa Inakho ukutyhila kum izinto eziyakukunceda? [Udade uthi, “Ewe, ndiyayazi.”—Mhl.] Wena, wena uyakholelwa Uyakuyenza. [“Kunjalo.”] Ndithi. . . “Kunjalo,” kulungile kakhulu oko. Kuhle kakhulu oko. Ngoku unezinto ezininzi ezingalunganga kuwe, iingxaki ezininzi nezinto, kunye nokukhohlelana, kwaye akukwazi kugqitha kuko. Kwaye uphakuphaku kakhulu. Kwaye—kwaye oko, oko kunjalo.

¹⁸⁹ Ngoku, unomthwalo entliziweni yakho, kwaye la mthwalo ngowomnye umntu, ongunyana wakho. Kwaye yena une—unengxaki, enye yeengxaki zasekhaya. Yena nomfazi wakhe, basoloko bexambula kwaye beqhubeka. . . ? . . . Kwaye unomthwalo ngalonto. Injalo lonto. Ngoku uyakholelwa ngentliziyo yakho yonke, kwaye iyakusuka ize imke. Uyakholelwa ngoku. INkosi ikusikelele.

¹⁹⁰ Unjani, mhlekazi? Ndingongaziwayo kuwe, kwaye—kwaye unongaziwayo kum. Kwaye i—iyaqalisa. . . Imibono ngoku, ndiyabona, ikhangeleka ngathi yonke into iqalisa ukukhanya, nje ngohlobo lokujikeleza ukujikeleza. Yabona? Kodwa ingaba uyakholelwa ukuba iNkosi uYesu ingatyhila kum ukuba yintoni oyimeleyo phaya? Uyakholelwa ukuba Uyakuyenza? Ndiyakholelwa, ngokunjalo. Ndithetha nje nawe, ukuqhagamshela umoya wakho, ngokuchanekileyo koko endiyenzela ngenxa yako. Yabona, andiyazi, ifanele ibe yinto ethile ngaphandle kwam iyenze. Ndifanele ndizikhuphe

ecaleni ngokupheleleyo kum, ukuze Akwenze ngokunoKwakhe. Uyaqonda?

¹⁹¹ Ngoku, into enye, ugula ngengamandla imeko yobuphakuphaku, kwaye lemeko yobuphakuphaku ibe ikho ithutyana. Injalo lonto. [Umzalwana uthi, “Injalo lonto.”—Mhl.] Kwaye obabuphakuphaku bukubangele waba neqondo lonxinzelelo lwegazi oluphezulu, kananjalo. Kwaye unokushwabana kwelungu lomzimba. [“Injalo lonto.”] Yilonto. Yitsho, ube mhlawumbi ungumshumayeli, okanye ungumshumayeli. [“Ndinguye.”] Ngoku ungumshumayeli; ndikubona ume epulpitini. Ngoko, yiba nokholo kuThixo, kwaye obo buphakuphaku buyakumka kuwe. Bonke abalungiseleli banako oko. Uyakuphila. Buyela epulptini yakho, kwaye uthobeke uThixo uze uhlale unyanisekile kwela Lizwi, uYesu Kristu.

¹⁹² Uyakholelwa ingxaki yakho yomqolo imkile kuwe, uhleli esitulweni? Uyayikholelwa? [Udade uthi, “Ewe.”—Mhl.] Kulungile, mhlekazi, ngoko qhubeka nje unyakama, usithi, “Enkosi kuWe, Nkosi.”

¹⁹³ Yiza, nenekazi. Unjani? Uyandikholelwa ukuba ndisisicaka Sakhe? [Udade uthi, “Ngokuqinisekileyo ndiyakwenza.”—Mhl.] Kulungile. Uyayikholelwa la ngxaki yobunenekazi, ingxaki yobubhinqa, izakumka kuwe? [“Amen.”] Uyayenza? Ngoko qhubekeka, uthi, “Enkosi kuWe, Nkosi.”

¹⁹⁴ Ingxaki yezintso, ingxaki yomqolo, kumqolo wakho. Ingaba uyakholelwa ukuba uThixo uyakukuphilisa kwaye uyakwenza uphile, kokuya? Uyakholelwa ukuba Uyakukuphilisa? Kulungile, thabatha eyakho...?...

¹⁹⁵ Yiza, nenekazi. Ndingongaziwayo kuwe. IUkuba andithethanga nto kuwe, konke konke, ingaba uyakukuphilisa ukuba uBukhona bukaThixo bulapha ukuza kuphilisa abagulayo? [Udade uthi, “Ngokuqinisekileyo, ndiyayikholelwa.”—Mhl.] Uyayenza? Kuhle, ukuba uyayenza, ingxaki yakho yesisu... Ndigqibile ukukuxelela, uyabona. I—imkile. Ndikuxelele, yabona. [“Enkosi Thixo! Owu, enkosi kuWe, Yesu.”]

¹⁹⁶ Unjani, mhlekazi? UThixo uhlala entliziyweni. Kwaye intliziyo yakho ibe ibonisa apha, kakubi. Ingaba uyakholelwa ukuba Yena uyakuyenza ilunge? Hamba ngendlela yakho kwaye uyikholelwe. UThixo akusikelele. Uyakholelwa; Uyakuyilungisa.

¹⁹⁷ Uphakuphaku, kuba unengxaki yesisu, isilonda esingaphakathi kumjelo wethumbu. Iyakukhathaza emva kokuba utyile. Uyakholelwa yonke imkile? Hamba uyekuzifumanela into yokutya.

¹⁹⁸ Uhlobo olunzima lokuvuka, umqolo ube ukukhathaza kakubi kakhulu. [Isigulana sithi, “Ewe, mhlekazi.”—Mhl.]

Awusayi kukuhlupha kwakhona, ukuba uyayikholelwa. Ingaba uyakwenza njalo? [“Ewe, mhlekazi.”] Kulungile, qhubeka, kwaye yanga iNkosi uYesu ingakuphilisa ngokugqibeleleyo.

¹⁹⁹ Yintoni wena ophakuphaku kangaka malunga nayo? Qhubekeka nje, uthi, “Andizukuba phakuphaku kwakhona,” kwaye akusayi. Hamba ukholelwe. Kulungile, mhlekazi.

²⁰⁰ Yiza nenekazi. Ngoku, umfazi womTopiya, kunye nendoda emhlophe, kanye nje ngohlobo lwento ethile efana naleya yahlanganayo ngala mini, uYesu. Babenocalucalulo njengoko babeqhele ukubanalo eZantsi, kodwa asisenalo. UYesu wabenza bayazi ukuba bonke abantu ngabakaThixo. Kwakungekho mahluko, yabona, nokuba wayengumJuda okanye umSamariya.

²⁰¹ Ngoku, ukuba uThixo akakuncedi, kwamsinyane okwakudumba kwamalungu omzimba kuyakukhubaza. Kodwa uyakholelwa ukuba Yena uzakukunceda, akwenze uphile? Njengoko umfazi wenzayo, hamba ngendlela yakho uze uxelele abantu izinto ezinkulu uThixo akwenzele zona. Kulungile.

Ngoku, kukho ugqirha ongumhlinzi ukuthatha imela.

²⁰² Nje umzuzu. Ibingenguye lo mfazi. Ngoku, nje umzuzu, wonke ubani ahlonele ngoku. Ngu—nguSathana, uzama ukwenza into ethile. Nantsi apha. Ithumba, ithuba, nobabini. Injalo lonto. Unethumba, unethumba, kwaye ela demoni likhala lifuna uncedo kwelinye. Kodwa uMoya oyiNgewele uyakhala, nawo. Ngubani ozakukholelwa kuye, Yena? Kulungile. Phakama uphume kulomandlalo wokungqengqa, nenekazi. Phakama usuke kwelokhuko. Phakama usuke koko, kwaye ukholelwe. Hamba, kholelwa Yena ngoku. Amen.

²⁰³ Ingaba niyakholelwa? Zonke izinto zinakho ukwenzeka. Ingaba uyakholelwa? Malunga nantoni nina esihlweleni? [IBandla kunye nabo basandula kuphiliswa bayavuya—Mhl.]

²⁰⁴ Masiphakameni ngeenyawo zethu kanye ngoku. Kanye ngoku lixesha lokuyenza. Makathi wonke umntu... UThixo anisikelele. Makathi wonke umntu aphakame ngeenyawo zenu kanye ngoku. Nikani uThixo udumo. Phakamisani izandla zenu.

²⁰⁵ Enkosi kuWe, Nkosi uYesu! Sidumisa Wena ngobukhulu Bakho, nokuphilisa Kwakho abagulayo. [IBandla liyavuya—Mhl.]



UBUNQINA ELWANDLE XHO64-0307
(A Testimony On The Sea)

Lo Myalezo ka Mzalwana William Marrion Branham, waqala ukushunyayelwa ngesiNgesi ngoMgqibelelo ngorhatya, ngoMatshi we-7, ngowe-1964, eSoul's Harbor Temple eDallas, Texas, U.S.A., wathatyathwa kwisishicileli-mazwi waze wabhalwa ngesiNgesi ungafinyezwanga. Le nguqulelo yesiXhosa ibhalwe yaze yapapashwa yi Voice Of God Recordings.

XHOSA

©2020 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

VOICE OF GOD RECORDINGS, SOUTH AFRICA OFFICE
58 DISA ROAD, ADMIRAL'S PARK, GORDON'S BAY 7140 WESTERN CAPE
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org

Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. Box 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org